


ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO

*INkcazelo yeKharityhulam
yeSizwe (NKS)*

*INkcazelo yePolisi yeSizwe
yeKharityhulam nokuHlola*



*IsiGaba esiPhakathi
Ibanga 4-6*



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**INKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA
IBANGA 4-6**

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO

DISCLAIMER

In view of the stringent time requirements encountered by the Department of Basic Education to effect the necessary editorial changes and layout to the Curriculum and Assessment Policy Statements and the supplementary policy documents, possible errors may occur in the said documents placed on the official departmental websites.

There may also be vernacular inconsistencies in the language documents at Home-, First and Second Additional Language levels which have been translated in the various African Languages. Please note that the content of the documents translated and versioned in the African Languages are correct as they are based on the English generic language documents at all three language levels to be implemented in all four school phases.

If any editorial, layout or vernacular inconsistencies are detected, the user is kindly requested to bring this to the attention of the Department of Basic Education.

E-mail: capslangcomments@dbe.gov.za or fax (012) 328 9828

Department of Basic Education

222 Struben Street

Private Bag X895

Pretoria 0001

South Africa

Tel: +27 12 357 3000

Fax: +27 12 323 0601

120 Plein Street Private Bag X9023

Cape Town 8000

South Africa

Tel: +27 21 465 1701

Fax: +27 21 461 8110

Website: <http://www.education.gov.za>

© 2011 Department of Basic Education

ISBN: 978-1-4315-0484-8

Design and Layout by: Ndabase Printing Solution

Printed by: Government Printing Works

FOREWORD BY THE MINISTER



Our national curriculum is the culmination of our efforts over a period of seventeen years to transform the curriculum bequeathed to us by apartheid. From the start of democracy we have built our curriculum on the values that inspired our Constitution (Act 108 of 1996). The Preamble to the Constitution states that the aims of the Constitution are to:

- heal the divisions of the past and establish a society based on democratic values, social justice and fundamental human rights;
- improve the quality of life of all citizens and free the potential of each person;
- lay the foundations for a democratic and open society in which government is based on the will of the people and every citizen is equally protected by law; and
- build a united and democratic South Africa able to take its rightful place as a sovereign state in the family of nations.

Education and the curriculum have an important role to play in realising these aims.

In 1997 we introduced outcomes-based education to overcome the curricular divisions of the past, but the experience of implementation prompted a review in 2000. This led to the first curriculum revision: the *Revised National Curriculum Statement Grades R-9* and the *National Curriculum Statement Grades 10-12* (2002).

Ongoing implementation challenges resulted in another review in 2009 and we revised the *Revised National Curriculum Statement* (2002) and the *National Curriculum Statement Grades 10-12* to produce this document.

From 2012 the two National Curriculum Statements, for *Grades R-9* and *Grades 10-12* respectively, are combined in a single document and will simply be known as the *National Curriculum Statement Grades R-12*. The *National Curriculum Statement for Grades R-12* builds on the previous curriculum but also updates it and aims to provide clearer specification of what is to be taught and learnt on a term-by-term basis.

The *National Curriculum Statement Grades R-12* represents a policy statement for learning and teaching in South African schools and comprises of the following:

- (a) Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS) for all approved subjects listed in this document;
- (b) *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12*; and
- (c) *National Protocol for Assessment Grades R-12*.

A handwritten signature in black ink, which appears to read 'Angie Motshekga'.

MRS ANGIE MOTSHEKGA, MP
MINISTER OF BASIC EDUCATION

ISIQULATHO

ICANDELO LOKU-1: INTSHAYELELO YENKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM

NOKUHLOLA	3
1. 1 Imvelaphi.....	3
1. 2 Amagqabantshintshi.....	3
1. 3 Iinjongo eziphangaleleyo zekharityhulam yoMzantsi Afrika	4
1. 4 Ukwabiwa kwexesha	6
1. 4. 1	IsiGaba
esisisiSeko	6
1. 4. 2	IsiGaba
esiPhakathi.....	6
1. 4. 3	IsiGaba
esiPhezulu.....	7
1. 4. 4	IBanga
10-12	7

ICANDELO LESI-2 : UKWAZISA IILWIMI KWISIGABA ESIPHAKATHI..... 8

2. 1 IiLwimi kwiNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola.....	8
2. 1. 1 Imigangatho yolwimi.....	8
2. 2 Ulwabiwo lwexesha.....	16
2. 3 Izixhobo zokuxhasa ukufunda nokufundisa	16

ICANDELO LESI-3 : UMXHOLO NEZICWANGCISO ZOKUFUNDISA SEZAKHONO ZOLWIMI..... 18

3. 1 Amagqabantshintshi ezakhono, umxholo neendlela.....	18
---	-----------

3. 2	Ukunatyiswa kweetekisi kumabanga 4-6	25
3. 3	Izicwangciso zokufundisa	31
3. 4	Umxholo nesicwangciso sokufundisa soLwimi Lwesibini Olongezelelweyo	33
ICANDELO LESI-4.....		91
4. 1	Intshayelelo.....	91
4. 2	Ukuhlola okungekho sesikweni okanye okwemihla ngemihla	92
4. 3	Ukuhlola okusesikweni	92
4. 4	INkqubo yokuHlola	95
	4. 4. 1Amagqabantshintshi ngeemfuno.....	95
	4. 4. 2Iimviwo	96
4. 5	Ukurekhodisha nokunika ingxelo	96
4. 6	Uphononongo lokuhlola	97
4. 7	Gabalala	97
ULUHLU LWAMAGAMA		98

ICANDELO LOKU-1: INTSHAYELELO YENKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA

1.1 IMVELAPHI

INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 icacisa ipolisi yekharityhulam nokuhlola ezikolweni.

Ukuphucula ukusetyenziswa kwayo, INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe ihlaziyiwe, yaye olu hlaziyo luya kuqala ukusebenza ngeyoMqungu/ngoJanyuwari 2012. Isifundo ngasinye senzelve uxwebhu olunye lwePolisi yeKharityhulam nokuHlola endaweni yala maxwebhu madala angala: INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe, isiKhokelo seNkqubo yokuFunda kunye nesiKhokelo sokuHlola sesiFundo kwiBanga R-12.

1.2 AMAGQABANTSHINTSHI

- (a) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* imele inkcazelo yepolisi yokufunda nokufundisa kwizikolo zoMzantsi Afrika yaye iquka oku kulandelayo:
 - (i) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yesifundo ngasinye kwezo zifundo zivunyiweyo zesikolo;
 - (ii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12.* ; kunye
 - (iii) Noxwebhu lwepolisi oluthi, *National Protocol for Assessment Grades R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012).*
- (b) Uxwebhu oluthi, *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* lungena endaweni yala maxwebhu eNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe mabini alandelayo:
 - (i) *iRevised National Curriculum Statement Grades R-9, Government Gazette No. 23406 of 31 May 2002,* kunye
 - (ii) *neNational Curriculum Statement Grade 10-12 Government Gazettes, No 25545 of 6 October 2003 and No. 27594 of 17 May 2005.*
- (c) Amaxwebhu eNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe ekuthethwe ngawo kumhlathi b(i) no(ii), aquka la maxwebhu epolisi alandelayo, aza kuthi aye eyekiswa ngokuyekiswa, kuze endaweni yawo kungene iNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012) ngo2012 - 2014:
 - (i) INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe yezifundo ngezifundo, isiKhokelo seNkqubo yokuFundisa kunye nesiKhokelo sokuHlola sesiFundo seBanga R-9 neseBanga 10-12;
 - (ii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National Policy on assessment and qualifications for schools in the General Education and Training Band,* olubhengezwe kwiGovernment Notice No. 124 ekwiGovernment Gazette No. 29626 of 12 February 2007;
 - (iii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF),* olubhengezwe kwiGovernment Gazette No. 27819 of 20 July 2005;

- (iv) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *An addendum to the policy document, the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF), regarding learners with special needs*, olupapashwe kwiGovernment Gazette, No. 29466 of 11 December 2006, lufakwe kuxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12*; kunye
- (v) Noxwebhu lwepolisi oluthi, *An addendum to the policy document, the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF), regarding the National Protocol for Assessment (Grades R-12)*, olubhengezwe kwiGovernment Notice No. 1267 kwiGovernment Gazette No. 29467 of 11 December 2006.
- (d) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12*; kunye namacandelo akwiPolisi yeKharityhulam nokuHlola njengoko ebonisiwe kwisahluko sesi-2, 3 nesesi-4 solu xwebhu aqethe izithethe nemigangatho yeNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe yeBanga R-12. Ngoko ke, olu xwebhu luya kuthi, ngokwecandelo 6A leSouth African Schools Act (uMthetho oLawula iZikolo zaseMzantsi Afrika), ka1996 (uMthetho wama-84 ka1996,) lwenze isiseko sokuxhobisa umPhathiswa wezeMfundo esisisiSeko ukuba akwazi ukubeka awona manqanaba aphantsi eziphumo nemigangatho, ngokunjalo neenkqubo nemigaqo yokuhlola impumelelo yabafundi, manqanaba lawo aza kusebenza kwizikolo zikarhulumente nezabucala.

1.3 IINJONGO EZIPHANGALELEYO ZEKHARITYHULAM YOMZANTSI AFRIKA

- (a) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12* inika isikhokelo kulwazi, izakhono nezithethe (izinto ezixabisekileyo) ezinokufundwa ezikolweni zaseMzantsi Afrika. Le kharityhulam ijonge ukuqinisekisa ukuba abafundi bafumana ulwazi bekwasebenzisa nezakhono ngeendlela ezihambelana nobomi babo bemihla ngemihla. Kungoko ke le kharityhulam ikhuthaza uluvo lokusebenzisa kakhulu iimeko zalapha, kodwa ibe ikwayise iso nemiba ebalulekileyo yehlabathi jikelele.
- (b) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12* yenza oku kulandelayo:
- Ixhobisa abafundi ngolwazi, izakhono nezithethe eziya kubanceda ukuba bakwazi ukuzimela nokuthabatha inxaxheba ekuhlaleni njengabemi belizwe elikhululekileyo; nokuba bavela kweyiphi imo yezentlalo, uhlanga, isini, bekhangeleka njani ngokomzimba okanye beculiphi inqanaba lengqiqo;
 - Ivulela abafundi amathuba okuya kwimfundo ephakamileyo;
 - Incedisa abafundi ukuba bakwazi ukuphuma kumaziko emfundo baye kumaziko omsebenzi; yaye
 - Inika abaqeshi umfanekiso ocacileyo ngobuchule nolwazi abanalo abafundi.
- (c) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12* isekelwe phezu kwale mithetho-siseko ilandelayo:
- *Ukuphuculwa kwezentlalo*: ukuqinisekisa ukuba kuyalungiswa ukungalingani kwezemfundo okwabangelwa lixesha lobandlululo, nokuba bonke abemi banikwa amathuba emfundo alinganayo;
 - *Ukufunda ngokubandakanyeka kusetyenziswa ingqiqo*: ukukhuthaza indlela yokufundisa efuna abafundi ukuba bathathe inxaxheba bebonakalisa ingqiqo, endaweni yokufunda ngokubethelela izimvo nokufunda nje bengaziqisisi iinyaniso okanye izimvo abazinikwayo;

- *Ulwazi nezakhono ezikumgangatho ophakamileyo*: ukubekwa kweyona migangatho isezantsi yolwazi nezakhono ekufuneka abafundi bezibonakalise kwibanga ngalinye, kananjalo nokumiselwa kwemigangatho ephezulu enokufikelelwa kuzo zonke izifundo;
- *Ukuqhubela phambili*: umxholo wokufundwayo neemeko ekufundwa phantsi kwazo kwibanga ngalinye ubonisa ukuqhubela phambili, ukususela kokulula ukuya koko kuntsonkothileyo;
- *Amalungelo oluntu, uqukaniso, ukukhathalelwa kokusingqongileyo nobulungisa bezentlalo*: ukufakwa kwemithetho-siseko neendlela zokwenza ubulungisa kwezentlalo nokukhathalela indalo esingqongileyo kwanamalungelo oluntu, njengoko ebekiwe kuMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika. INkcazelo yePolisi yeKharithyulam nokuHlola yeBanga 10-12 ibonakalisa uvakalelo kwimiba yeyantlukwano enjengendlala, ukungalingani, uhlanga, isini, ulwimi, ubudala, ukuba nenkubazeko neminye imiba;
- *Ukuxatyiswa kolwazi lwemveli*: ukuthathela ingqalelo ubutyebi bembali kunye nelifa lemveli leli lizwe njengeentsika zokuxhasa izithethe eziqulethwe nguMgaqo-siseko; kunye
- *Nentembeko, umgangatho ophezulu, kunye negalelo elibonakalayo*: ukunika imfundo enokuthelekiseka neyamanye amazwe ngokomgangatho, ukunatyiswa kwanokungena nzulu kwayo kwimiba efundiswayo.

(d) INkcazelo yePolisi yeKharithyulam nokuHlola yeBanga R-12 ijonge ukuphuhlisa abafundi abakwaziyo:

- ukuchonga nokusombulula iingxaki bathabathe izigqibo besebenzisa ingqiqo nokucinga okubonakalisa ubugcisa;
- ukusebenza ngempumelelo bebodwa naxa bekunye nabanye njengamalungu eqela;
- ukuzicwangcisa nokuzilawula bona buqu kunye nemisebenzi yabo, loo nto beyenza ngentembeko nangempumelelo;
- ukuqokelela, ukuhlalutya, ukucwangcisa nokuhlaba amadlala ulwazi;
- ukunxibelelana nabanye ngempumelelo besebenzisa ubuchule bokubonwayo, bemiqondiso kunye/okanye nezinye izakhono zolwimi ngeendlela ezahlukeneyo;
- ukusebenzisa inzululwazi nobuchwepheshe ngempumelelo nangokubonisa ukuba noxanduva ngokunengqiqo ekukhathaleleni indalo esingqongileyo nempilo yabanye; kunye
- nokubonisa ukuliqonda ihlabathi ukuba liyiseti yezinto ngezinto ezizalanayo ngokuqaphela ukuba iimeko ezisonjululwa phantsi kwazo iingxaki azizimelanga zodwa geqe.

(e) Ukuqukaniswa kwemfundo kufuneka kube ngundoqo ekulungiseleleni, ekucwangciseni nasekufundiseni kwisikolo ngasinye. Oku kunokwenzeka kuphela xa bonke ootitshala benolwazi oluphangaleleyo malunga nendlela yokuqonda nokusombulula izidingo zokufunda kunye nendlela yokucwangcisa abafundi abangafaniyo.

Undoqo ekulawuleni ukuqukaniswa kwemfundo kukuqinisekisa ukuba izidingo ziyachongwa zize zisonjululwe ngawo onke amaqela enxaso efanelekileyo asesikolweni, aquka ootitshala, amagosa esithili, amaQela eNkxaso amaZiko athile, abazali neZikolo zabaFundi abaneeMfuno eZizodwa njengamaZiko aXhobisa ngoLwazi. Ukusombulula izidingo eklasini, ootitshala mabasebenzise iindlela ngeendlela zokujongana neyantlukwano kwikharithyulam, ndlela ezo zifana nezo zikuxwebhu lweSebe leMfundo esisisiSeko oluthi *Guidelines for Inclusive Teaching and Learning (2010)*.

1. 4 UKWABIWA KWEXESHA

1. 4. 1 IsiGaba esisisiSeko

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esisisiSeko lumi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IBANGA R (IIYURE)	IBANGA 1-2 (IIYURE)	IBANGA 3 (IIYURE)
ULwimi lwaseKhaya	10	8/7	8/7
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo		2/3	3/4
IMathematika	7	7	7
IzaKhono zoBomi	6	6	7
• ULwazi olusisiSeko	(1)	(1)	(1)
• ΕξοβυΓχισα	(2)	(2)	(2)
• EzemiThambo	(2)	(2)	(2)
• UkuziPhatha neNtlalo	(1)	(1)	(1)
LILONKE	23	23	25

- (b) Ixesha elabelwe ukufundisa leBanga R, 1 nelesi-2 ziiyure ezingama-23. KwiBanga lesi-3 ziiyure ezingama-25.
- (c) IBanga R-2 labelwe iiyure ezilishumi, zize zibe li-11 kwiBanga lesi-3. ULwimi lwaseKhaya lwabelwe ezona lwimi yure zininzi ezisi-8 nezona zimbawwa ezisi-7; luze uLwimi oloNgezelelweyo lwabelwe ezona zimbawwa zibe 2 zize ezona zininzi zibe 3 kwiBanga 1-2. KwiBanga lesi-3 ezona yure zininzi zisi-8, zize zibe si-7 ezona zimbawwa kuLwimi lwaseKhaya; kanti kuLwimi oloNgezelelweyo ezona zimbawwa zi-3, zize ezona zininzi zibe 4.
- (d) IMathematika yabelwe iiyure ezisi-7.
- (e) KwizaKhono zoBomi, uLwazi lokuQala lwabelwe iyure e-1 kwiBanga R - 2, zi-2 kwiBanga lesi-3, njengoko kubonisiwe kwizibiyeli kwiBanga.

1. 4. 2 IsiGaba esiPhakathi

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esiPhakathi limi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IIYURE
ULwimi lwaseKhaya	6
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	5
IMathematika	6
INzululwazi nobuChwepheshe (neTeknoloji) beNdalo	3, 5
INzululwazi yezeNtlalo	3
IzaKhono zoBomi	4
• ΕξοβυΓχισα	(1, 5)
• EzemiThambo	(1)
• UkuziPhatha neNtlalo	(1, 5)
LILONKE	27, 5

1. 4. 3 IsiGaba esiPhezulu

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esiPhezulu lumi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IYURE
ULwimi lwaseKhaya	5
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	4
IMathematika	4, 5
INzululwazi yezeNdalo	3
INzululwazi yezeNtlalo	3
UbuChwepheshe (iTeknoloji)	2
INzululwazi yoLawulo lwezoQoqosho	2
IsiFundo ngezoBomi	2
ΕξοβυΓχισα	2
LILONKE	27, 5

1. 4. 4 IBanga 10-12

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa iBanga 10-12 lumi ngolu hlobo:

IZIFUNDO	IYURE
ULwimi lwaseKhaya	4. 5
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	4. 5
IMathematika	4. 5
IsiFundo ngezoBomi	2
Ubuncinane bazo naziphi izifundo ezithathu ezikhethwe kwi Qela B isiHlomelo B, iiTheyibhile B1 - B8 zoxwebhu lwepolisi oluthi, <i>National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12</i> , ngokuxhomekeke kwimigaqo ebekwe kumhlathi wama-28 wolu xwebhu lwepolisi.	12 (3x4yr)
LILONKE	27, 5

Ixesha elabelwe ukufundisa ngeveki malisetyenziselwe ukufundisa izifundo ngokweemfuno zezifundo zeNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (NKS) ezichatshazelwe apha ngasentla, hayi ezinye izifundo ezongezelelweyo. Ukuba umfundi ufuna ukongeza izifundo, makongezelwe elinye ixesha lezo zifundo azongezileyo.

ICANDELO LESI-2: UKAZISA IILWIMI KWISIGABA ESIPHAKATHI

2. 1 IILWIMI KWINKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA

Ulwimi sisixhobo sokucinga nokunxibelelana. Lukwayindlela yenkcubeko nothando lobuhle abathi abantu babelane ngayo ukuze bakwazi ukuliqonda ilizwe abaphila kulo. Ukufunda ukusebenzisa ulwimi ngendlela eyiyo kubangela ukuba abafundi bafumane ulwazi, bakwazi ukuzazi, ukwazisa iimvakalelo neengcinga zabo, ukunxibelelana nabanye nokukwazi ukulawula ilizwe abaphila kulo. Lukwanika abafundi imifanekiso etyebileyo nemandla kunye neengcinga ezinokusetyenziswa kwilizwe labo ngokungcono nangokucacileyo kunokuba kunjalo. Kusetyenziswa ulwimi ukuvakalisa nokwakha iinkcubeko ezizintlobo ngeentlobo nobuhlobo kwaye kukwangokusebenzisa ulwimi apho olu lwakhiwo lunokuthi lutshintsha tshintshwe, lwandiswe okanye luphuculwe.

2. 1. 1 Imigangatho yolwimi

Ukufundwa kolwimi kwiBanga lesi-4 ukuya kwelesi-6 kuquka zonke iilwimi zaseburhulumenteni zaseMzantsi Afrika, izizezi: iAfrikaans, iEnglish, isiNdebele, isiXhosa, isiZulu, iSepedi (Sesotho sa Leboa), iSesotho, iSetswana, iSiswati, iTshivenda, iXitsonga nezi zingezizo ezaseMzantsi Afrika, ezizezi, Arabic, French, German, Gujarati, Hebrew, Hindu, Italian, Latin, Morden Greek, Portuguese, Spanish, Tamil, Telugu, Urdu. Zonke iilwimi zaseburhulumenteni zinokufundiswa njengoLwimi lwaseKhaya, olokuQala oloNgezelelweyo okanye olwesiBini oloNgezelelweyo. Zonke iilwimi ezingezizo ezaseMzantsi Afrika zinokufundwa ubuncinane kwinqanaba loLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo.

Ukufunda ulwimi kumabanga 4-9 kuquka zonke iilwimi zaseburhulumenteni eMzantsi Afrika. Zonke ezilwimi zisemthethweni. Zonke iilwimi ezisemthethweni zingafundiswa kumgangatho woLwimi lwaseKhaya uLwimi Lokuqala okanye kumgangatho woLwimi lwesiBini Olongezelelweyo. Zonke iilwimi ezingezizo ezaseburhulumenteni zifundiswa kumgangatho woLwimi lwesiBini Olongezelelweyo apho ezi lwimi ziphuhlise khona.

Ulwimi lwasekhaya lulwimi lokuqala oluthi lufundwe ngabafundi ngelixa ulwimi Lokuqala Olongezelelweyo lufundwa njengolwimi olongezelelwe kulwimi lwasekhaya. ULwimi lwesiBini olongezelelweyo lolunye ulwimi olunokufundwa ngumfundi, ulwimi oluthi luvumele unxibelelwano olubanzi nelwimi ezininzi njengoko oku kubhaliwe kuMthetho Sisekelo neLanguage in Education Policy. Ulwimi lungasetyenziswa kwindawo ethile kwaye lwangeze ekwakheni isizwe nokuqondana phakathi kwekcubeko. Izikolo ezininzi eMzantsi Afrika azilufundisi ulwimi lwaseKhaya lwabafundi abathile okanye lwabafundi bonke abafunda kweso sikolo. Ezi zikolo zikhetha ukufundisa ulwimi olunye okanye iilwimi ezimbini ezikwinqanaba lolwimi lwaseKhaya. Ngenxa yoku ileybheli uLwimi lwaseKhaya nolwimi Lokuqala Olongezelelweyo lubhekiselele kwinqanaba lolwazi lololwimi olo luthi lufundiswe hayi ngokubhekiselele kulwimi lokuzalwa (ulwimi lwaseKhaya) okanye ulwimi olufundwayo(njengolwimi olongezelelweyo). Ngokweenjongo zale polisi konke okubhekiselele kuLwimi lwaseKhaya makuqondwe njengokubhekiselele kumgangatho hayi ulwimi.

Umgangatho woLwimi lwaseKhaya unika ulwazi lolwimi olubonisa izakhono zonxibelelwano olusisiseko nabanye abantu, unxibelelwano olo lufunekayo kwiimeko zentlalo kunye nezakhono zokuqiqa zemfundo ezibalulekileyo ekufundeni ikharityhulam. Ugxininiso kulo mgangatho wolwimi lusekufundiseni izakhono zokuphulaphula, ukufunda nokubhala. Lo mgangatho ukwanika abafundi ulwazi loncwadi, ukubonisa uthando lobuhle nokukwazi ukuzakhela umfanekiso ngqondweni. Oku kunika abafundi ithuba lokuyila ngokutsha, ukuyila engqondweni ilizwe abaphila kulo. Nangona kunjalo ugxininiso nexesha elabelwe ukuphula phula nokuthetha kwibanga lesi-7 ukuya phambili liba ngaphantsi kwelo lokufunda nokubhala kuba kugxininiswa kakhulu ekukhuliseni izinga lokufunda nokubhala kuba abafundi balungiselelwa imfundo ephakamileyo naxa beqalisa ukusebenza.

Umgangatho woLwimi Lokuqala elongezelelweyo uthatha ukuba abafundi abanalo ulwazi lolu lwimi xa befika esikolweni. Kwiminyaka embalwa yokuqala ugqalisile lusekukhuliseni ulwazi lokuqonda nokuthetha ulwimi – izakhono zokunxibelelana ezisisiseko. Kwibanga lesi-2 nelesi-3 abafundi baqalisa ukukhulisa ukukwazi ukufunda nokubhala kwesi siseko sokuthetha. Bathi basebenzise izakhono zokufunda nokubhala abazifunde kuLwimi lwaseKhaya. KwisiGaba esiPhakathi nesiGaba esiPhezulu abafundi baqhubeka beqinisa izakhono zabo zokuphulaphula, ukuthetha, ukufunda nokubhala. Kweli nqanaba abantwana abaninzi bafunda ngokusebenzisa ulwimi lokuqala elongezelelweyo, oko kukuthi isiNgesi, kwaye kufuneka bafundiswe olu lwimi ngakumbi. Ugqalisile olumandla ngoko ke malube sekusebenziseni uLwimi Lokuqala elongezelelweyo ngenjongo zokucinga nokuqinisa. Oku kubangela ukuba abafundi bakhulise izakhono zabo zokuqinisa, izakhono ezo abaza kuzifuna ukufunda ezinye izifundo ezifana neNzululwazi ngesiNgesi. Basebenza ngakumbi ngeetekisi zoncwadi kwaye baqalisa ukukhulisa izakhono zokuthanda ubuhle nokukwazi ukuyila engqondweni kulwimi lwabo elongezelelweyo.

Ngexesha abafundi befika kwisiBanga lesi 7 kufuneka babe bafikelele kwiqondo elamkelekileyo lokukwazi ukusebenzisa ulwimi lwabo elongezelelweyo ngokubhekiselele kwizakhono zokunxibelelana nabanye abantu nezokuqinisa abazisebenzisa ekufundeni. Nakuba kunjalo eliyinyani lelokuba kweli nqanaba abafundi abakakwazi kakuhle ukunxibelelana ngolwimi lokuqala elongezelelweyo. Ngoko ke umceli mngeni kwisiGaba esiPhakathi (amabanga 4-6) kukunika inkxaso abafundi ngaxesha linye banikwe ikharithyulam ezakwenza ukuba abafundi bafikelele kwimigangatho efunekayo kumabanga alandelayo. Kufuneka le migangatho ibe kwimo yokuba abafundi bakwazi ukusebenzisa uLwimi Lokuqala oLongezelelweyo kwinqanaba eliphezulu ukubalungiselela imfundo ePhakamileyo okanye umsebenzi.

Umgangatho woLwimi Lwesibini Olongezelelweyo uthatha ukuba abafundi abanalo ulwazi lolu lwimi xa befika esikolweni. Ugxininiso kutyhilelo kulwimi Lwesibini Olongezelelweyo lusekuphuhliseni ukukwazi kwabafundi ukuqonda nokuthetha ulwimi-izakhono ezisisiseko zokunxibelelana nabanye abantu. KwiBanga lesi-4 – 6 abafundi baqala ukwakha izakhono zabo zokuthetha, zokufunda nokubhala. Bakwasebenzisa izakhono zabo zokuthetha nezokufunda nokubhala abasele bezifunde kuLwimi lwaseKhaya noLwimi lokuQala oLongezelelweyo.

KwiBanga lesi-7 – 9 abafundi bayaqhuba nokomeleza ukuPhulaphula nokuThetha kwabo ngelixa bekwaphuhlisa izakhono zabo zokuFunda nokuBhala.

Ngethuba abafundi befika kwiBanga lesi-7, kufuneka bazame ukunxibelelana ngolwimi lwabo Lwesibini Olongezelelweyo kunxibelelwano lwabo kwakunye nabanye abantu ekuhlaleni. Nakuba kunjalo liyinyani elokuba abafundi abaninzi baya kuba ngeli xesha bengakwazi kakuhle ukunxibelelana ngolwimi lwabo elongezelelweyo. Ngoko ke, umceli mngeni kwiBanga 4 – 6 kukunika aba bafundi inkxaso ngaxesha linye bekwandiswa ikharithyulam ezakwenza ukuba abafundi bafikelele kwimigangatho efunekayo kumabanga alandelayo. Kufuneka le migangatho ibe kwimo yokuba abafundi bakwazi ukusebenzisa iilwimi zabo ezongezelelweyo kwinqanaba eliphezulu ukubalungiselela imfundo ePhakamileyo okanye umsebenzi.

2. 1. 1. 1 linjongo ezicacileyo zokufunda uLwimi lwesiBini oLongezelelweyo

Ukufunda uLwimi lwesiBini oLongezelelweyo makwenze abafundi bakwazi:

- Ukufunda izakhono zolwimi eziyimfuneko ukuze banxibelelane ngokuchanekileyo nangokufanelekileyo ngolo lwimi balufundayo, kwinqanaba elisisiseko;
- Ukuphulaphula, ukuthetha, ukufunda/ukubukela nokubhala/ukunikezela ngokuzithemba nangokonwaba okukhulayo. Ezi zakhono nezi ndlela zokucinga zisisiseko sokufunda kubomi gabalala;
- Ukubeka izimvo, iimbono neemvakalelo zabo ngomlomo nangokubhaliweyo ukwenzela ukuba babe

ngabantu abacinga ngokukhululekileyo ngolu lwimi;

- Ukusebenzisa uLwimi oloNgezelelweyo lwabo nengqikelelo yabo ukuzikhangela nangakumbi nokufunda banzi ngelizwe elibangqongileyo. Le nto iya kubenza bakwazi ukuthetha ngamava abo nezinto abazifunde ngobomi, loo nto beyenza ngomlomo nangokubhala;
- Ukusebenzisa olu lwimi ukufikelela nokulawula unxibelelwano lwabo kwezinye iimeko. Isakhono sokukwazi ukuqokelela nokucwangcisa ulwazi olufumeneyo sisiseko sokuphila kule mihla 'yempucuko nolwazi' sikwasisiseko sokufunda kubomi gabalala;
- Ukusebenzisa olu lwimi njengendlela yokudlulisa ulwazi malunga nezihloko abaziqhelileyo; ukuncokola ngoluhlu abalukhelileyo lweetekisi; nokufunda iitekisi bezifundela ukuzonwabisa, ulwazi olusisiseko nonxibelelwano.

2. 1. 1. 2 Ukufundiswa koLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo

Ukuze ukwazi ukulufunda ngempumelelo uLwimi oloNgezelelweyo kufuneka uziqhelanise nalo kangangoko ukwenzela ukwakha ulwazi lokusebenzisa ulwimi kunye nolwazi olusisiseko kweetekisi ngeetekisi. Ootitshala kufuneka baqiniseke ukuba abafundi baphulaphula ze bafunde ulwimi olongezelelweyo befundela iinjongo ngeenjongo ngexesha elabiweyo. Abafundi bafuna amathuba okuphulaphula uLwimi oloNgezelelweyo bephulaphulela ulwazi nokuqonda (umz. Ingxoxo yababini), ukuzonwabisa (umz. ibali okanye ingoma). Ngaphezulu kwako konke, bafuna amathuba okufunda nokubukela ulwimi olongezelelweyo besenzela ukufumana ulwazi (umz. ingcaciso ngomfanekiso okhaphayo), ulonwabo (umz. imagazini) uncwadi oluncomayo (umz. umbongo). Uphando luveza ukuba eyona ndlela ibalulekileyo yokwakha isigama kukufunda ngamandla iitekisi ezifanelekileyo. Kubalulekile ukuba iitekisi zomlomo/zeorali, ezibhalwayo nezibonwayo zibe kumgangatho olungele bafundi. Ukuba iitekisi zinzima kakhulu, abafundi abayi kukhuthazeka kwaye abayi kufunda nto; kanti naxa zilula kakhulu aziyi kubacela mngeni kwaye kuya kuba kuncinci okufundwayo. Indima ebalulekileyo katitshala wolwimi kukulungelelanisa umgangatho wetekisi nomgangatho womfundi. KwisiGaba esiPhakathi siphela, abafundi mabaphulaphule ze bafunde iitekisi ezinobunzima obuya bukhula ngokukhula, ezihambelana nokukhulisa izakhono zolwimi zabo.

Abafundi kufuneka balusebenzise rhoqo ulwimi lwabo olongezelelweyo. Bafuna amathuba okuluphulaphula, ukuluthetha, ukulufunda kunye nethutyana lokulufunda olu Lwimi loNgezelelweyo bethetha nabanye abantu (umz. Ingxoxo yababini), ukukhulisa ubuchule babo nezakhono zobugcisa (umz. Ukucula ingoma, ukulinganisa umdlalo wolinganiso, njalo njalo) ukukhulisa izakhono zokunxibelelana (umzekelo, ukuvakalisa uluvo, ukudibana nokubulisa).

Kufuneka abafundi baziqonde ukuba bathethela ntoni. KwisiGaba esiPhakathi siphela, abafundi mabanikwe imisetyenzana yomlomo ehambelana nokukhulisa izakhono zabo zolwimi. Kuyimfuneko ukuba abafundi bafumane ingxelo rhoqo malunga nokubhala kwabo ukuze bazi ukuba kufuneka belungise phi, kanjani. Eyona nto ibalulekileyo kutitshala wolwimi kukunika eyona ngxelo ikumgangatho ophezulu esuka kokona kuhlola lusulungekileyo.

Abafundi kufuneka bazazi iziseko zolwimi: igrama, isigama, upelo neempawu zokubhala, umz. iziphumlisi. Ootitshala baza kuzifundisa gabalala ezi zigaba zolwimi bezifundisa ngokusemholweni. Umzekelo, ukwenza abafundi bazi ngezakhiwo neempawu ezisetyenziswa xa kunikwa izalathiso (kusetyenziswe iziyaleli). Kananjalo kukwakho indawo yokufundisa imiba esisiseko ngokuthe ngqo/ngokucacileyo, umz. xa abafundi beqhubeka nokwenza iimpazamo kumba othile wegrama, kusenokunyanzeleka ukuba bafundiswe ngqo banikwe nexesha lokuziqhelanisa nayo.

Xa becwangcisa isifundo seeveki ezimbini, ootitshala mababandakanye izakhono zolwimi kunye neziseko zolwimi. Mabakhethe uhlobo lwetekisi kunye nesihloko/umxholo oya kutsala umdla wabafundi; kungaphunyezwa ufundo oluncinane xa abafundi bengasetyenziswa kwaye bengakhuthazwa. Umz, isihloko sesincoko esixoxayo singathi

'Isikolo sam'. Ootitshala bangazisa isihloko ngokuphulaphula kunye/okanye nangokufunda, besakha ulwimi nesigama esifunekayo xa kuthethwa. Umzekelo, abafundi banokufunda itekisi emfutshane enika isigama nezakhi zolwimi. Emva kokuba abafundi beziqhelise ulwimi olufunekayo ngesi sihloko, bangabhala ibinzana/isivakalisi. Le nto iya kuveza amathuba ongezelelweyo okusebenza ngolwimi. Ootitshala mabanike ingxelo ngoko kuqhubekayo ze ekugqibeleni kwenziwe umsebenzi wokuhlola.

KwiBanga lesi-4 - 6, kubalulekile ukuba:

- Kubekho ugxininiso ekuphulaphuleni nasekuthetheni;
- Kubekho inkxaso eqhubekekayo ekwakheni isigama, ukwakhiwa kwezivakali nemihlati kunye negrama esemxholweni;
- Abafundi basebenze ngeedidi zeetekisi ezahlukeneyo, eziquka iitekisi ezibonwayo. Ezi tekisi ziya zisiba nzima ngokuba nzima ngokuya kunyuka amabanga.

2. 1. 2 Izakhono zolwimi

Ikharithyulam yoLwimi Lwesibini Olongezelelweyo yenziwe ngezi zakhono zilandelayo

1	Ukuphulaphula nokuThetha
2	Ukufunda nokuBukela
3	Ukubhala nokuNikezela
4	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukuphulaphula nokuthetha zezona zakhono zingundoqo kuzo zonke izifundo. Ngokuphulaphula nokuthetha ngendlela eyiyo abafundi bangaqokelela ze baphicothe ulwazi, bakhe ulwazi, basombulule iingxaki kwaye bavakalise iingcinga nezimvo zabo. KwisiGaba esiPhakathi **abafundi boLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo** baya kusebenzisa izakhono zokuphulaphula nokuthetha ukwenzela ukunxibelelana kwinqanaba elisisiseko.

Kwesi sigaba, ukuthetha kwabafundi kusafuna inkxaso ngokuthi baqaliswe kwizinto ezilula, baye bengena nzulu kulwimi (umzekelo, mabancediswe baxhaswe ngokuthi bafundiswe isigama esitsha baze bancediswe ukwakha izivakalisi ezifanelekileyo). Utitshala kufuneka aqiniseke ukuba bonke abafundi banikwa amathuba okuthetha ngesiXhosa. Ngenxa yokuba abafundi bengakubambi ngesantya esifanayo abakufundisiweyo utitshala kufuneka akuthathele ingqalelo oku ngokuthi awajikajike amathuba okuthetha (umzekelo: imibuzo ayibuzayo) ukungqamanisa nendlela umfundi ngamnye athi abambe ngayo oko akufundisiweyo. Njengokuba abantwana beqhubela phambili kumabanga aphezulu, utitshala makakulindele ukuba baza kuya bephucula indlela yokuthetha kwaye intetho yabo iza kuya isoluleka kunakuqala.

Ixesha lakho lokufundisa malibandakanye imisebenzi yemihla ngemihla yokuziqhelisa ukuphulaphula nokuthetha kunye neminye imisebenzi ejolise apho eyenziwa evekini.

Kwibanga 4-6, ootitshala kufuneka benze le misebenzi inezigaba ezi-3 xa befundisa ukuphulaphula

- **Phambi kokuphulaphula:** Le ndlela ilungiselela abafundi ukuphulaphula itekisi yomlomo (i-oral) kulwimi lwabo Olongezelelweyo. Umzekelo, utitshala angasebenzisa itekisi ebonwayo aze abuze umbuzo jikelele, ogqalileyo kwangaphambili, umbuzo lowo ekufuneka uphendulwe ngabafundi emveni kokuba bemamele itekisi okokuqala.

- **Ngelixa kuphulaphulwe :** Kukuziqhelanisa okulungileyo xa utitshala efunda itekisi (umdlalo) amaxesha amaninzi, ebuza imibuzo eyahlukileyo kwixesha ngalinye. Kuluncedo ukusuka kwimibuzo ezakufuna ukuba abafundi babe bayiqondile intsingiselo jikelele yetekisi, aye kwimibuzo ethe ngqo eya kufuna ukuqondwa kwetekisi ngokunzulu. Ngokwenza oku utitshala uncoda abafundi ukuba baphuhlise ubuchule babo bokumamela.
- **Emva kokumamela :** Abafundi baphendula eminye imibuzo, banike izimvo zabo ngamanqaku, basebenzise ulwazi(umz. ukuleyibhela umfanekiso)

Ukuthetha kwenzeka ngokungekho sesikweni eklasini, umzekelo, kwiqela. Abafundi bafumana amathuba okuziqhelanisa nohlobo lwencoko abangekhe babe kanti bebeza kulifumana eklasini. Utitshala makanike imiyalelo yokuthetha okusesikweni nasekunikezeleni, umzekelo intetho elungisiweyo, ukufunda ngokuvakalayo njl-njl. Oku kuya kuba ngamanqanaba amabini:

- Ukuceba nokucwangcisa izimvo nolwazi
- Ukuziqhelanisa nokunikezela : ukubonakalisa ukuqonda abaphulaphuli nemeko;ukusebenzisa izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi efanelekileyo nechanelekileyo;ukunikezela okucacileyo;ukusebenzisa ubuchule obufanelekileyo bomlomo nobungengo bomlomo

UKUFUNDA

Izakhono **zokufunda nokubukela** ezibalaseleyo ngundoqo wempumelelo ekufundeni kakuhle zonke izifundo zeikharithulam, ngokunjalo nokuthatha inxaxheba epheleleyo ekuhlaleni emsebenzini nakwimeko yelizwe ngokubanzi. Abafundi baqalisa ukukhulisa izakhono zabo zokufunda nokubukela iintlobo ngeentlobo zeetekisi kuquka iitekisi ezibonwayo, oko bekwenzela ukufumana ulwazi.

Ukuba kuyimfuneko sebenzisa uhlobo lokufunda notitshala ekuqaleni kwebanga lesi-4 ukukhokela abafundi kulo mgangatho. Le ndlela inokusetyenziswa amaxesha amaninzi ukuba kukho iincwadi ezaneleyo kweli nqanaba. Oku kunokutshintshana nokubalisa ibali. Ukuba kweli nqanaba azikho iincwadi, sebenzisa itekisi ekwincwadi yegramam okanye incwadi incwadi yokufunda. Ungasebenzisa iindlela ezifana Nezokufunda nabafundi okanye Ukufundela iklasi yonke.

Sebenzisa ukufunda kweqela okukhokelweyo nendlela yokufunda ngabanye/nabahlobo uze kancinci ubayeke abafundi bazifundele ngabanye amaxesha amaninzi. Ukuzifundela okukhankanywe kwisicwangciso sokufunda makwenziwe ngexesha lokufunda elabelwe ukufundisa ukufunda. Khuthaza abafundi ukuba bazifundele ngexesha lokuba bezihlele bengenzi nto.

Yila imisebenzi esisiseko yokukhangela ukuqonda ukuqinisekisa ukuba bakulandele na oko bebefunda.

Inkqubo yokufunda

Ukufundiswa kwenkqubo yokufunda kunezi zigaba: phambi kokufunda, ukufunda, emva kokufunda. Imisetyenzana eza kwenziwa ngumfundi ingashwankathelwa ngolu hlobo:

Phambi kokufunda:

- Ukuvuselela ulwazi lwangaphambili uze wenze unxibelelwano
- Qwalasela incwadi/itekisi, umbhali, umhla okanye unyaka wokupapashwa nohlobo lwetekisi

- Funda nje umhlathi wokuqala wecandelo-ziyilele okulindelekileyo
- Nqumama ngamaxesha athile ukukhangela ukuqonda nokwetyisa ingcinga
- Sebenzisa imeko yesicatshulwa kangangoko ukufumana intsingiselo yamagama angaziwayo, xa oku kungenakwenzeka sebenzisa isichazi magama
- Yila umfanekiso ngqondweni woko ukufundayo
- Qhuba ufunde noxa uneendawo ezithile ongaziqondiyo
- Ukuba unendawo ongakhange uyiqonde yifunde kwakhona. Zifunde ngokuvakalayo iindawo ongaziqondiyo, ngesantya esiphantsi. Ungakwenza oku ngaxeshanye.
- Cela umntu akuncede kwezo ndawo zinzima ungakhe uziqonde kakuhle
- Fakela iimpawu ezithile njengokuba ufunda uze ubhale amanqaku aphambili/abalulekileyo
- Bonakalisa iingcinga zakho ngoko ukufundileyo

Emva kokufunda:

- Xa kuyimfuneko ukukhumbula ulwazi oluthile, yenza amagqabantshintshi ngeengcinga eziphambili kunye nezimbalwa izimvo ezixhasayo
- Bhala amagama aphambili ukukunceda ukuba ucacise kwaye ukhumbule iingcinga eziphambili
- Cinga ngemibuzo emitsha yesihloko
- Ukuqonda –qinisekisa ukulandela itekisi
- Yandisa ukucinga-sebenzisa iingcinga ezikwitekisi

Ukubhala nokunikezela

Ukubhala sesona sixhobo sinamandla sonxibelelwano esibangela ukuba abafundi bakwazi ukwakha nokwazisa iingcinga nezimvo zabo ngendlela evakalayo. Ukuziqhelanisa rhoqo nokubhala kwiimeko ngeemeko ezahlukeneyo kwenza ukuba abafundi bakwazi ukunxibelelana ngendlela eyiyo nangokuyilayo. Injongo kukuvelisa ababhali abanobuchule bokubhala nabanolwazi oluphangaleleyo abaza kukwazi ukusebenzisa izakhono zabo ukuvelisa nokunikezela ngeetekisi ezibhaliweyo nezibonwayo ngeenjongo ezahlukeneyo. **KwisiGaba esiPhakathi** abafundi boLwimi Lwesibini oloNgezelelweyo baya kufuna ukuxhaswa nokukhokelwa ngononophelo ukuze babe nezakhono zokuvelisa iitekisi ezibhaliweyo.

Ukubhala kubalulekile kuba kuyabanyanzela abafundi ukuba bacinge ngegrama nopelo. Kuyabakhuthaza ukuba bakwazi ukusebenzisa ulwimi, kwenza ukuba balufunde ngokukhawuleza kwaye kwandisa ukusetyenziswa kolwimi ngokuchanekileyo. Abafundi baya kufunda ukubhala iindidi zeetekisi eziqhelekileyo eziyilayo ezifana neetekisi ezinika ulwazi. Ekuqaleni baya kubhala ngenkxaso besebenzisa isakhelo baze ke ethubeni bandule ukukwazi ukuzibhalela iitekisi ezithile ngaphandle kwenkxaso. Baya kusebenzisa inkqubo yokubhala ukuze bavelise iitekisi ezicwangciswa kakuhle nezibhalwe ngegrama efanelekileyo.

Inkqubo yokubhala

Ukubhala nokuyila itekisi yinkqubo enala manqanaba alandelayo:

- Phambi kokubhala/Ukucwangcisa
- Uyilo lokuqala
- Hlaziya, Hlela/Vavanya uyilo lokuqala ngokuthi ulungise iziphene zegrama, upelo, iimpawu zokubhala, njl-njl.
- Ukupapasha/Ukuvelisa uyilo lokugqibela

Abafundi kufuneka banikwe ithuba lokuziqhelanisa nale nkqubo kwaye kufuneka benze oku kulandelayo:

- Enza isigqibo ngenjongo nabaphulaphuli besicatshulwa eso baza kusibhala okanye baza kusivelisa
- Julia izimvo umz. Basebenzise imephu yengqondo (*mind map*), iflowu-tshati okanye uluhlu lwezinto
- Khangela iindawo/iincwadi ezinxulumene noko bakufunayo, baze bakhethe ulwazi oluchanekileyo ukuze bacwangcise kakuhle izimvo
- Velisa uyilo lokuqala oluthathela ingqalelo injongo, abaphulaphuli, isihloko kunye nesakhiwo sesicatshulwa
- Funda uyilo lokuqala ngokugwebayo uze ufumane ingxelo kwabanye abafundi okanye kutitshala
- Hlela okanye vavanya uyilo lokuqala ngokuthi ulungisa iziphene (zegrama, upelo, iziphumlisi) aze:
- Velisa uyilo lokugqibela olucocekileyo nolufundekayo

Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi

Ulwazi olululo lwesigama negrama lunika isiseko sokuphuhlisa kwezakhono (ukuphulaphula, ukuthetha, ukufunda nokubhala) kulwimi Lwesibini Olongezelelweyo. Abafundi besiGaba esiPhakathi baza kufundiswa izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kulwimi ekujoliswe kulo.

Ngokusebenza ngeetekisi eziqhelekileyo abafundi bandisa ukusebenzisa kwabo isigama kwaye basebenzise ngokufanelekileyo **izakhi zolwimi**. KwisiGaba esiPhakathi abafundi boLwimi Olongezelelweyo Lwesibini baza kuqaphela ngakumbi amagama nezakhi zegrama abasele beziqhelile.

Abafundi baza kubonakalisa inkqubela phambili ekuphononongeni indlela ulwimi olusetyenziswa ngayo. Baya kuba nakho ukusebenzisa ulwazi lwabo ukwenza umfuniselo ngolwimi ukwakha intsingiselo (kumgangatho wamagama nezivakalisi kwiitekisi zizonke) baze babone indlela ezizalana ngayo itekisi nemeko yayo.

Kulindlele ukuba izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi ifundiswe kwimeko ethile njengokuba ezinye izakhono zolwimi zifundiswa kwaye ziphuhlisa. Nakuba kunjalo kwisiGaba esiPhakathi ixesha lokufundisa ngokusesikweni nokuziqhelanisa nezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kufuneka libekelwe bucala. Isicwangciso sokufundisa siqulathe uluhlu lwemiba emayifundiswe phantsi kwezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwibanga ngalinye. Xa ukhetha iitekisi zokumamela nokufunda kumjikelelo ngamnye weveki ezimbini qinisekisa ukuba ziqulathe eminye imiba yolwimi ofuna ukuyifundisa. Yila imisebenzi ehambelana nezi tekisi eza kubangela ukuba abafundi besebenzise le miba yolwimi kwimeko leyo. Kwananjalo iitekisi ezibhalwayo eziza kubhalwa ngabafundi nazo ziya kuquka eminye

imiba yolwimi. Nika abafundi isikhokelo sokusetyenziswa ngokufanelekileyo nangokuchanekileyo kwale miba yolwimi. Khetha eminye yale miba abathi bayifumane inzima abafundi uze ubanike imisebenzi esesikweni yokuziqhelanisa naloo miba (ngexesha elabelwe ukwenza oku kwiveki nganye).

2. 1. 3 lindlela zokufundisa ulwimi

lindlela zokufundiswa kolwimi kula maxwebhu zisekelwe kwiitekisi, indlela yokufundisa ulwimi ngokunxibelelana, indlela yokunxulumanisa izinto neyokufundisa ngokwenkqubo.

Indlela yokusebenzisa itekisi nendlela yokufunda ulwimi ngokunxibelelana zixhomekeke ekusetyenzisweni rhoqo kwetekisi nasekuveliseni itekisi .

Indlela yokusebenzisa itekisi ifundisa abafundi ukuba babenobuchule, bazithembe kwaye babe ngabafundi, ababhali, ababukeli nabayili beetekisi abagwebayo. Iitekisi ezizizo ziyimvelaphi yomxholo nemeko yokufunda nokufundisa okusebezisa ukufunda ulwimi ngokulisebenzisa nokunxulumanisa izinto. Indlela yokufundisa ulwimi ngokulisebenzisa ibandakanya kwakhona iindidi ezahlukileyo zeetekisi ezilula ngenjongo ethile.

Indlela yokufunda ulwimi ngokunxibelelana lucebisa ukuba xa kufundwa ulwimi umfundi kufuneka aveliswe kolo lwimi afuna ukulifunda kangangoko kwaye anikwe amathuba okuziqhelanisa okanye ukuvelisa ulwimi olo. Abafundi bafunda ngokufunda kangangoko baze bafunde ukubhala ngokuthi babhale.

Ukufunda ngokwenkqubo kusetyenziswa xa abafundi bevelisa iitekisi zomlomo neetekisi ezibhalwayo. Abafundi baxakeka ngamanqanaba awohlukileyo okumamela, ukufunda nenkqubo yokubhala. Kufuneka bacinge ngabaphulaphuli nenjongo ngexesha lezi nkqubo. Oku kuza kubanceda ukuba bazise kwaye bavakalise iingcinga zabo ngendlela ezenzekelayo. Umzekelo, ukufundisa ukubhala akugqali kwisiphumo kodwa kukwagqala kwinjongo nenkqubo yokubhala. Ngexesha lokubhala abafundi bafundiswa ukuvelisa izimvo, ukucinga ngenjongo nababukeli, ukwenza uyilo lokuqala nokunikezela umsebenzi obhaliweyo ovelisa iingcinga zabo.

Indlela zokufundisa uncwadi/ukusebenza ngeetekisi

Esona sizathu sokufundisa uncwadi/itekisi eklasini kuvelisa amathuba okusebenzisa izakhono zolwimi ezifundiweyo. Ukufundisa uncwadi/itekisi akuzange kwaba lula kodwa akungenzeki ngaphandle kwendlela ababona ngayo abafundi enyanisekileyo nenkcazelo esuka kubo, ecingwe kakuhle. Ngaphandle kokuba bafunde ukuyiqonda itekisi ngokunokwabo, abanakufunda kuyaphi.

lindlela zokufundisa uncwadi ziya kuquka oku kulandelayo :

- Zama kangangoko ukufunda itekisi eklasini ngaphandle kokunqumama wenze eminye imisebenzi. Kubalilekile ukuba abafundi babe nolwazi olucacileyo lwento eqhubekayo kowona mgangatho usezantsi wetekisi. Funda iitekisi ezininzi kangangoko eklasini uze kwakhona uqinisekisa ukuba abafundi bafunda kwanemibongo.
- Imisebenzi yokubhala efuna ukuqonda okusisiseko itekisi efundwayo kungafumaneka kuluncedo ekunyuseni ukunconywa komgangatho wezakhono ezifunyenweyo. Iingxoxo zeklasini zingafumaneka zilulutho.
- Okokugqibela, ukusebenza ngeetekisi makwenziwe njenge-unithi okanye into ephelileyo

2.2 ULWABIWO LWEXESHA

Ixesha elicetyiswayo loLwimi Lwesibini Olongezelelweyo kwisiGaba esiPhakathi yiyure e-1. 5 ngeveki. Wonke umxholo unikwa ngokomjikelo weeveki ezimbini (3 iiyure). Olu lwabiwo lwexesha lwezakhono zolwimi ezahlukeyo lulandelayo luyacetyiswa.

Izakhono	Ulwabiwo lwexesha ngeveki (iiyure)	Ulwabiwo lwexesha ngomjikelo weveki ezimbini (imizuzu)	%
Uphulaphula nokuThetha	1. 5	75	40
Ukufunda nokubukela : liscatshulwa noncwadi		55	30
Ukubhala nokunikezela		35	20
Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (oku kunxulunyaniswe kwaba zizakhono ezine)		15	10
Iiyure zizonke		180 (3 iiyure)	100

2.3 IZIXHOBO ZOKUXHASA UKUFUNDA NOKUFUNDISA

Umfundi ngamnye kufuneka abe noku kulandelayo:

- Incwadi zegrama emiselweyo yolwimi
- Incwadi/iincwadi zokufunda ezinezitekisi zilandelayo
 - Amabali
 - Imibongo
 - Iitekisi ezinika ulwazi
 - Iitekisi ezinezinto zentlalo
- Isichazi-magama okanye uluhlu lwamagama
- Ukufikelela kuludwe lemathiriyeli yokufunda ukubandakanya imigangatho yokufunda eyahlukileyo umz. iincwadi zokufunda ezikhethiweyo ezineekopi ezaneleyo zeetekisi kumgangatho ngamnye eklasini nasesikolweni
- Iitekisi zokufunda notitshala/nabahlobo kwibanga lesi-4. Ezi isenokuba ziincwadi okanye iitekisi ezenzwe zankulu okanye iincwadi zokufunda ezimiselweyo okanye iincwadi zokufunda.

Utitshala kufuneka abe noku kulandelayo:

- INKcazelo yePolisi yeKharithulam nokuHlola
- ILanguage in Education Policy (LiEP)*
- Incwadi emiselweyo yegrama esetyenziswa ngabafundi nezinye ezinokusetyenziswa, ukwenzela ukongeza kwezi tekisi zivunyiweyo.
- Incwadi/iincwadi zokufunda

- (e) Izichazi-magama neencwadi zokukhangela ulwazi(ezilwimi lunye nezo zilwimi-mbini, izichazi magama, i-ensaklophidiya, iincadwi yegrama ebalalseleyo enokusetyenziswa
- (f) Umqulu katishala onguvimba : le isenokuba ngumqulu onemathiriyeli eqokelelwe ngutitshala okanye isikhokelo sikatitshala esihleliweyo esithengiswayo.
- (g) Ukufikelela kwizixhobo zokufunda eklasini, esikolweni okanye kumathala encwadi ukuze bafumane ukufunda okongezekileyo.
- (h) Izixhobo ezibonwayo neziviwayo

ISAHLUKO SESI-3 UMXHOLO NESICWANGCISO SOKUFUNDISA SEZAKHONO ZOLWIMI

3.1 AMAGQABANTSHINTSHI EZAKHONO, UMXHOLO NEENDLELA

Eli candelo lahlulwe laba zizigaba ezibini : amagqabantshintshi ezakhono, umxholo kunye neendlela neziCwangciso sokufundisa.

Ukuphulaphula nokuthetha

Izakhono	Grades 4-6	
	Umxholo	Iindlela nezakhonwana
Ukuphulaphula nokuthetha	• Isicatshulwa esiphulaphulwayo - Ukuphulaphulela ukufumana ulwazi - Indlela yokuphimisela/biza amagama - Ukuphulaphulela ukonwaba • Iintlobo ezahlukeyo zokunxibelelana ngomlomo: - Incoko - Izalathiso/imiyalelo/iinkqubo - Ukubalisa ibali - Ukulinganisa - Ingxoxo yeqela - Imibongo emifutshane nezicengcelezo - Imidlalo yolwimi - Ukubalisa ibali ngawe/ukubalisa unika inkcazelo ngeziganeko <i>Jonga kwiintetho ezisetyenziswayo kwiincoko zesiXhosa</i>	Inkqubo yokumamela • Phambi kokuphulaphula • Ngexesha kuphulaphulwe - Isicatshulwa esiphulaphulwayo - o Rekhodisha ingcinga eziphambili ngokubalisa kwakhona, ngokucacisa - o Phulaphula uze uphendule imibuzo elula • Emva kokuphulaphula Inkqubo yokuthetha • Ukuceba, ukuphanda nokucwangcisa • Ukuziqhelanisa nokunikezela Ukunxibelelana ngenjongo zokunxibelelana nabanye • Incoko ezilula • Imigaqo yokunikana amathuba • Ukukhuthaza ukusetyenziswa kolwimi olongezelelweyo • Ukubuza nokuphendula imibuzo. Ukubalisa iziganeko kwakhona ngokulandelelana • Ukunikezela iziganeko eziqhelekileyo • Uyilo oluchanekileyo, isigama, ulwimi nemigaqo

Izakhono	Grades 4-6	
	Umxholo	Iindlela nezakhonwana
Ukufunda nokubukela	Intlobo zeetekisi ezicetyiswayo: - Amabali umz. amabali angoku anobunyani, amabali emveli (iintsomi namavo) amabali odelo-ngozi, amabali anemifanekiso namanqaku abhaliweyo ngemifanekiso, - Imibongo/lingoma - Iitekisi ezinika ulwazi umz. iinkqubo, -amabali ngeenkcazelo. - Iitekisi ezingezinto zentlalo umz. izimemo, amakhadi emibuliso, iileta - Iitekisi ezibonwayo neziviwayo umz. iintengiso/izibhengezo, iiphamflethi. - Iitekisi ezibonwayo : iintengiso (iipowusta, iintengiso/izibhengezo), ii-khathuni, imicwe yokuhlekisa (comic strip), umzobo/igrafu/iitshati/iifoto - Imihlathi eneetekisi zokuvavanya ukuqonda - Iitekisi yokufunda ngokuvakalayo okulungisiweyo - Iitekisi ezinika ulwazi	Inkqubo yokufunda nokubukela: - Sebenzisa inkqubo yaphambi kokufunda, ngexesha lokufunda nasemva kokufunda : - Ukuqonda itekisi - Ukuyifundela kufutshane itekisi (isicatshulwa sokuvavanya ukuqonda) - Ukubonisa inkqubela phambili yokukwazi ukuzifundela (ukufundela ukuzonwabisa, ukufundela ukufumana ulwazi nokufunda) Fundisa abafundi oku : Iimpawu zetekisi- itayitile yencwadi, imizobo, izihloko, izihlokwana, iigrafu, iinombolo, amanqaku abhalwe kwimizobo okanye ngasezantsi kwayo, izihloko zeendaba, uyilo Isakhiwo setekisi- uluhlu, ulandelelaniso olucwangcisiweyo, inkcazelo, inkqubo, inqaku elingundoqo namanqaku axhasayo, ukulandelelana kwebali. Iindawana zencwadi- Itayitile, isiquatho, izahluko, inkcazelo yamagama - Iindlela zokufunda nokubukela - Ukufunda kwakhona - Ukucacisa - Yenza izigqibo/izimvo zakhe Iitekisi ebonwayo – (uludwe lwemizobo neetekisi ezibonwayo umz. Izibhengezo, izaziso, iipowusta, iikhomokhi, iikhathuni, iifoto, imifanekiso) Ukufundwa kweetekisi zoncwadi Umbongo/Ingoma - Intsingiselo ethe gca - Imiyalezo - Izixhobo zesandi umz imvano ziphelo, isingqisho, iimpawu zokubhala/iziphumlisi, uphindaphindo Ibali - Isakhiwo sebali - Abalinganiswa - Isimo sentlalo Iitekisi ezinika ulwazi neetekisi zentlalo - Abaphulaphuli nenjongo Ukufunda ngokuvakayo okulungisiweyo nokungalungiswanga - Sebenzisa ithoni, imvakalozwi, isantya, ukunamathela kweliso, indlela yokuma eyiyo nezijekulo. - Ukuphimisela/ukubiza amagama ngokuchanekileyo

Izakhono	Grades 4-6	
	Umxholo	Iindlela nezakhonwana
Ukubhala nokunikezela	• Ukubhala amagama umz. uluhlu • Ukubhala izivakalisi • Ukubhala imihlathi lintloko zeetekisi Ukubhala ngokuyilayo • Ezichazayo umz. iinkcazelo zabantu, iindawo, izilwanyana, izityalo njl-njl • Amabali umz. ukubalisa ibali ngawe • Amabali ayimifanekiso • Incoko yababini elula litekisi ezimfutshane (itekisi zentlalo, iitekisi ezinika ulwazi, ezimfutshane nezinesakhiwo esithile) • Imiyalelo, imiyalezo, amakhadi emibuliso, izimemo • lipowusta, izaziso, izibhengezo/ • iintengiso • Ukugcwalisa ifomu elula.	Inkqubo yokudla : Phambi kokubhala/ukucwangcisa • Ukujula izimvo malunga nesigama kunye nezimvo eqeleni • Cwangcisa izimvo Uyilo lokuqala • Ukhetho lwamagama • Ukucwangcisa izivakalisi • Izimvo gabalala • Funda okubhalileyo • Fumana ingxelo kutishala Ukuhlaziya/ukuhlela/ukuvavanya uyilo lokuqala ukulungisa iziphene nokunikezela • Hlaziya : phucula umxholo nesakhiwo nendlela ocwangcise ngayo izimvo zakho • Phucula ukhetho lwamagama nokwakhiwa kwezivakalisi nemihlathi • Nikezela uyilo lokugqibela olucocekile nolufundekayo

Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	Ukusebenza ngamagama (Ukukhulisa isigama): ukubenzisa isichazi magama, upelo, intsingiselo, amalungu amagama, izandi, izithetha-ntonye, izichasi, oomabizw'afane, izimaphambili, izimamva Ukusebenza ngezivakalisi Izigaba zentetho umz. e. g. izibizo, izimelabizo, izichazi, izihlomelo, izihlanganisi Ukwakhiwa kwezivakalisi: ezilula, ezimbaxa, iziyaleli, imibuzo, intetho Amaxesha ezenzi Izivumelanisi: intloko-nenjongosenzi Ukulandelelaniswa kwagama Imo elandulayo Intetho-ngqo nengxelo-ntetho Imigaqo yokusetyenziswa kolwimi Ukufundiswa kwemithetho yolwimi Upelo Izandi <i>Jonga kwizakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi</i>
Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	
Umxholo ekufuneka wenziwe ukhankanyiwe apha ngezantsi Iindlela nezakhonwanana: Abafundi kufuneka bachonge, baqonde baze basebenzise izakhi zolwimi nemigaqo ekhankanywe apha ngezantsi. Kufuneka bafunde kwakhona ukuyisebenzisa le migaqo. Ukuphuhlisa kwesigama nako kukhankanyiwe kweli candela.	
Izibizo	
Hlaziya izibizo ezifundwe kwiSigaba esisiSiseko.	
Hlaziya izibizo esikwazi ukuzibala umz. Incwadi-iincwadi nesingakwazi ukuzibala umz. amanzi	
Khulisa ukuqonda nokusetyenziswa kwezibizo esingakwazi ukuzibala umz ukutya, ubusika	
Sebenzisa izibizo ezinezininzi kuphela umz amanzi	
Sebenzisa izibizo ngokuchanekileyo umz. Amagama abantu abhalwa ngoonobumba abakhulu	
Sebenzisa isini sobuduna nesobukhomokazi umz inkunzi-imazi	
Sebenzisa izibizo ezingazibonisiyo nesingakwazi ukuzibamba umz. Ukufa, uthando	
Sebenzisa izibizo ezimbaxa umz. utatomkhulu, uZanemvula	
Izimelabizo	
Hlaziya izimelabizo zoqobo umz mna, wena, yena, bona	
Izimelabizo ezisebenza njengentloko yesivakalisi umz. Zona zitya inyama	
Izimelabiso ezisebenza njengenjongosenzi umz. Yena undinike yona	
Hlaziya izimelabizo zokwalatha umz. Le, aba, ezo	
Izichazi	
Iziphawuli umz nkulu, ncinci, hle	
Ukusetyenziswa kweziphawuli umzinja encinci. Umntwana omhle (isiphawuli emva kwesibizo)	
Izibaluli umz. Obomvu, irhabaxa	
Izenzi	
Phuhlisa ukusetyenziswa kwezivumelanisi zezenzi. Isivumelanisi sentloko nesenjongosenzi umz Umama uyapheka- u-u sisivumelanisi sentloko	
Umama uyazihlamba iimpahla, u-zi sisivumelanisi senjongosenzi	
Sebenzisa iziyaleli umz Yima	

Amaxesha ezenzi
Phuhlisa amaxesha asetyenziswe kwiSigaba esisiSiseko aquka ixesha langoku, elidlulileyo, elizayo
Sebenzisa amaxesha ngokufanele uhlobo lwetekisi leyo ifundwayo • Ukuchaza iintshukumo eziqhelekileyo. Ndihlamba amazinyo yonke imihla
Ukusebenzisa amaxesha ngokufanele itekisi leyo ifundwayo • Ixesha elidlulileyo umz. Uhambile waya edolophini
Sebenzisa amaxesha ngokufanele uhlobo lwetekisi leyo ifundwayo • Ixesha elizayo umz. Ndiza kupheka inyama
Izihlomelo
Qalisa ukusebenzisa izihlomelo Umz : isihlomelo sexesha : , izolo , Isihlomelo sendawo umz ekhaya Isihlomelo sobunjani umz kancinci, kabuhlungu
Izihlanganisi
Sebenzisa izihlanganisi ukubonisa isizathu umz. kuba
Sebenzisa izihlanganisi ukubonisa umahluko umz kodwa
Ukwakhiwa kwezivakalisi
Yakha izivakalisi ezilula
Yakha izivakalisi ezimbaxa
Sebenzisa isiyaleli
Sebenzisa isilanduli
Sebenzisa izixando
Sebenzisa intetho-ngqo
Qalisa ukunakana ingxelo-ntetho
Sebenzisa iimpawu zokubhala/iziphumlisi
Hlaziya iimpawu zokubhala ezenziwe kwiSigaba esisiSiseko umz. Oonobumba abakhulu, isingxi, ikoma, uphawu lombuzo.
Sebenzisa oonobumba abakhulu ukubhala amagama abantu neendawo
Sebenzisa ikoma ukwahlula udweliso lwezinto ezininzi
Sebenzisa iimpawu zokhuzo
Sebenzisa iimpawu zocaphulo ukubonisa intetho-ngqo
Sebenzisa ikoloni ukubonisa intetho-ngqo kumdlalo nakwincoko yababini, sebenzisa ikoloni xa udwelisa izinto
Amagama adibanisa izivakalisi ukwenza umhlathi • Amagama abonisa ulandelelwano ngokwexesha umz. Kuqala, okokugqibela, emva koko
UKUPHUHLISWA KWESIGAMA
Qalisa ukuqonda nokusebenzisa : • Amagama aquka izinto umzinja, ikati zizilwanyana zasekhaya • Izifanokuthi (amagama athetha into enye umz. ukujonga - ukubona) • Izichasi (amagama aneentsingiselo ezichaseneyo umz rhabaxa-mpuluswa) • Amagama abolekiweyo

Nakana indlela amagama awakhiwe ngayo • Iizibizo ezimbaxa umz. ULisilomzi • Ukusebezisa izimaphambili nezimamva ukwakha amagama • indoda –indodana • <u>Umntu-abantu</u> • Indlu-indlukazi
Qala ukuqonda ukusebenzisa isigama esithile • Izaci namaqhalo umz. Izandla ziyahlambana, Inyoka nesele • Izifaniso nezikweko umz. Amazinyo amhlophe okwekhephu, UNomsa yinyoka
UPELO NEMIGAQO YOPELO
Ukukhulisa kulwazi lwezandi azifunde kwiSigaba esisiSiseko ukupela amagama. Ukwakha amagama ngokusekelwe kwindlela avakala ngayo nendlela abonakala ngayo.
Ukukhulisa ulwazi lwamagama asetyenziswa rhoqo ebewafunde kwilgaba esisiSiseko.
Ukupela amagama ngokuchanekileyo
Ukuyila isichazi magama sakhe samagama angaqhelekanga
Ukufunda akubhalileyo aze alungise iziphene zopelo.
Ukusebenzisa ulwazi lonoobumba abalandelanayo ukufumana amagama kwisichazi magama
Ukuqhawula amagama amade abemancinci. <i>umse-benzi</i>
Imigaqo yopelo
Ukubiza izandi zamagama ngokufanelekileyo
Ukuqhawula amagama ngokufanelekileyo
Ukulandelanisa amagama kakuhle kwizivakalisi

Umzekelo weentetho ezisetyenziswayo kwincoko

UKUCELA IMVUME/UKWENZA IZICELO Ndinga. ? Kungenzeka ukuba ndi. ? Ingaba kulungile ukuba. ? Kungakuhle ukuba. ? Ungakhathazeka ukuba ndinga. ? Ndicela undivumele ndi. Ungavuma uku. ?	UKUPHAZAMISA Ndicela uxolo, ndinga. ? Uxolo, ndinga. ? Uxolo, uyazi ukuba. ? Ndicela uxolo ngokukuphazamisa, ungandanceda? (esesikweni).
UKUNIKA UNCEDO Ndingakunceda? Kukho into oyikhangelayo? Ingaba ufuna uncedo kusini na? Ungathanda ukuncediswa? Ndingakwenzela ntoni namhlanje?	UKUFUNA UNCEDO Ndingancedisa nge. ? Ungandanceda ukuba ndi. ? Ndifuna uncedo. Nceda undancedise. (esesikweni). Nceda undancedise nge.

UKUXOLISA Uxolo. Ndicela uxolo ngoku. Ndiyaxolisa. Ndicela undixolele ngoku. Ndiyaxolisa ngoku. Ndicela uxolo. Ndixolele/Uxolo. Ndicela undixolele.	UKUKHALAZA Ndicela uxolo ngokuthetha oku kodwa. Ndicela uxolo ngokukuphazamisa, kodwa. Mhlawumbi ulibele uku. Ndicinga unokuba ulibele uku. Ndicela uxolo bekungafanelekanga ukuba nditsho, kodwa. Ndicinga ukuba asiqondananga ngokuba Ungandivi kakubi, kodwa.
UKUNIKA INGCEBISO Andiqondi ukuba kufanele ukuba u. Kufanele ukuba u. Akufanelekanga ukuba u. Ukuba bendinguwe, bendiya. Ukuba bendikule ndawo ukuyo, bendinga. Ukuba bendisezihlangwini zakho, bendinga. Kungangcono ukuba u. Akufanelekanga ukuba u. Nokuba wenzani, musa uku.	UKUXELA OKUTHANDAYO Ndingathanda ukuba u. Kungangcono ndi. Kutheni singa. ? Ngoko ke, ndingathanda. Ucinga ntoni? Ucinga ukuba sifanele senze ntoni? Ukuba bekuya ngokwam bendinga. Ndicinga ukuba kufanele ukuba si.
UKUQIKELELA, UKUZIGQIBELA NGENTO Ndingathi sele eza kulungela uku. Ingafuna i. Ingangu. Ibonakala ngokungathi. Mhlawumbi ufuna. Mhlawumbi bafuna. Kunzima ukutsho, kodwa ndingathi. Andiqinisekanga ncam, kodwa ndicinga ukuba.	UKUNIKA INGCOMBOLO YOLWAZI ENGACACANGA Zimalunga. Ziqikeleleka ukuba zimalunga. Zininzi kakhulu ii. kuqikeleleka ukuya kutsho kwezi. Ithande ukufana ne. Ludidi lwe. Zithande ukufana. Kunzima ukutsho, kodwa ndingaqikelela ndithi. Andiqinisekanga ncam, kodwa ndicinga ukuba.

UKUVALELISA Iihambo ezinde, iiholide, iihambo ezimfutshane Uhambe kakuhle. Uyonwabele iholide yakho. Uzonwabele iiholide zakho. Wonwabe! Ube nexesha elimnandi e... (indawo efana nendawo yokutyela) Ube nexesha elimnandi e... (igama ledolophu) UKUBULISA EMVA KOHAMBO Ibinjani iholide yakho. ? Ubulonwabele ixesha lakho e(kuloo ndawo)? Belunjani uhambo lwakho?	UKUZIPHONONONGA Oku kusebenze kakuhle kakhulu kuba. Ndikwenze kakuhle oku kuba. Bekuya kuba ngcono ukuba bendi. Oku kungaphucuka ngoku. Ikhona inkqubela phambili/akubonakali nkqubela phambili kuba. Oku kuyaphumelela kuba.
--	--

3. 2 UKUNATYISWA KWEETEKISI KUMABANGA 4-6

Intlobo ngeentlobo zetekisi zikhethelwe ixesha leveki ezi -2 . Itekisi eziphambili zibhalwe apha ngezantsi. Abafundi bazakusebenza ngezithile okanye zonke kwixesha leeveki ezi-2 oko kukuthi bazakumamela, banikezele ngomlomo, bafunde okanye babhale.

3. 2. 1 Itheyibhile yokunatyiswa kwetekisi

liveki	Ibanga 4	Ibanga 5	Ibanga 6
Ikota 1			
1 - 2	Ibali	Ibali	Ibali; umdlalo wolwimi
3 - 4	Itekisi enika ulwazi umz. ukubalisa ibali kwakhona, imephu	Itekisi enika ulwazi enemifanekiso iimephu/imifanekiso/incoko/ ukubalisa ibali kwakhona	Itekisi enika ulwazi: ukunika inkcazelo, itekisi ebonwayo umz. isibhengezo/intengiso
5 - 6	Ibali neenkcazelo zabantu okanye abalinganiswa	Ibali, ukulinganisa, inkcazelo yabantu, izimemo, imiyalezo	Ibali
7 - 8	Itekisi enika ulwazi : imiyalelo, uluhlu	Itekisi enika ulwazi;imiyalelo, umdlalo wolwimi	Itekisi enika ulwazi enemifanekiso umz. Iimephu/imifanekiso, imiyalelo, iinkcazelo
9 - 10	Ingoma, umbongo	Ingoma, umbongo	Umbongo; iingoma enika inkcazelo yomntu; inkcazelo yento/isilwanyana/isityalo/indawo/ umdlalo wolwimi

liveki	Ibanga 4	Ibanga 5	Ibanga 6
Ikota 2			
11 - 12	Ibali	Ibali	Ibali nomyalezo, incoko
13 - 14	Itekisi enika ulwazi ezibonwayo umz. Imifanekiso, ipowusta, izalathiso, inkcazelo yento.	Itekisi enika ulwazi ezibonwayo umz. Imifanekiso, ipowusta, izalathiso, inkcazelo yento/ yezinto/izityalo/izilwanyana/ iindawo	Itekisi enika ulwazi ezibonwayo umz. Imifanekiso, ipowusta, izalathiso, inkcazelo yento/ yezinto/izityalo/izilwanyana/ iindawo, itekisi enemifanekiso umz. imifanekiso, iimephu, iifoto
15 - 16	Ukubalisa ibali lakho	Ukubalisa ibali lakho	Ibali, ibali lakho, ukulinganisa
17- 18	Iinkqubo, itekisi enika imiyalelo ezibonwayoumz. imifanekiso, iimephu/iifoto	Itekisi enika ulwazi: imiyalelo, inkzazelo ebaliswayo	Ukufunda itekisi enika ulwazi ezibonwayo umz. iitheiyibhile nenkqubo kamabonakude/ imephu/imifanekiso, iinkcazelo/ imidlalo yolwimi.
19 - 20	UKUHLOLA OKUSESIKWENI		
Ikota 3			
21- 22	Ibali, inkcazelo zabantu/ izilwanyana/abalinganiswa/incoko yababini	Ibali, inkcazelo zabantu/ izilwanyana/abalinganiswa/ ukubalisa ibali ngawe	Ibali, inkcazelo zabantu/ izilwanyana/izityalo/izinto
23 - 24	Itekisi enika ulwazi umz. inkcazelo ebaliswayo, ezibonwayo- neziviwayo umz. ipowusta/izaziso, incoko	Itekisi enika ulwazi umz. iimephu/ imifanekiso	Itekisi enika ulwazi ezibonwayo umz. iimepu/imifanekiso/intetho
25 - 26	Ibali, umbongo	Ibali, umbongo	Ibali, umbongo
27- 28	Itekisi enika ulwazi ebonwayo umz. iimifanekiso, inkcazelo yeendawo/izityalo/izilwanyana/ izinto/iinkqubo	Itekisi enika ulwazi –; incoko, umdlalo wolwimi, inkcazelo yeendawo/izityalo/izilwanyana/ izinto/iinkqubo	Itekisi enika ulwazi –umdlalo wolwimi, imephu yengqondo, iinkcazelo zeendawo/izityalo/ izilwanyana/izinto/iinkqubo
29 - 30	ukulinganisa;incoko yababini	Incoko, incoko yababini	Incoko, incoko yababini
Ikota 4			
31 - 32	Incoko, umdlalo wolwimi, ibali	Ibali, umdlalo wolwimi, ukubalisa ibali lakho	Ibali, incoko, incoko yababini
33 - 34	Itekisi enika ulwazi ebonwayo, umz. imfanekiso, ipowusta/ izaziso, imiyalezo	Itekisi enika ulwazi : itekisa enika ulwazi ngezinto ezikhoyo, ipowusta	Itekisi enika ulwazi, intetho, imidlalo yolwimi, iinkcazelo
35 - 36	Ibali, umdlalo wolwimi	Ibali, umbongo, ukubalisa ibali lakho	Ibali, umbongo
37 - 38	Incoko; intetho; itekisi ebonwayo enika ulwazi umz. ipowusta/ isaziso	Itekisi enika ulwazi, incoko; ipowusta; itekisi ebonwayo umz. itshati	Itekisi enika ulwazi netekisi ebonwayo umz. ipowusta, isibhengezo/intengiso
39 - 40	UKUHLOLA OKUSESIKWENI		

3. 2. 2. Isishwankathelo zeentlobo zeetekisi kwisigaba

litheyibhile engasezantsi ichaza uludwe lweentlobo zeetekisi ekufuneka zifundiswe abafundi kumabanga 4-6. Ezinye iitekisi zingenziwa xa kuyimfuneko. Ezinye zezi tekisi azikhankanywanga kwisicwangciso sokufundisa. Oku akuthethi ukuba aziyiyo inxalenye yokufundisa nokufunda kuba nazo zikwabalulekile

Kwakhona kukwakho ushwankathelo lwezakhi zolwimi ezifunyanwa kwezi ntlobo zeetekisi. Olu lwazi luza kukunceda ekwakheni imisebenzi kwitekisi ezahlukeyo ukuze abafundi babe nakho ukusebenza ngezi zakhi zolwimi. Khetha kuphela izakhi zolwimi ezimbalwa ukwenzela ukuba ukwazi ukuzithathela ingqalelo kwithuba ngalinye ufundisa ezi ntlobo zeetekisi.

Uhlobo lwetekisi	Izakhi zolwimi ezifunyanwa kuhlobo lwetekisi nganye
Ukubalisa ibali ngawe ulandelelanisa iziganeko	Ulwimi oluchazayo umz. izichazi, izihlomelo Amaxesha ezenzi, umz. ixesha elidlulileyo Amagama abonisa ixesha ukudibanisa iziganeko umz. isihlomelo sexesha Amagama asixelela ukuba phi, nini, nabani, njani Izivakalisi ezilula Amagama ahlanganisa izivakalisi umz. emva koko, ekugqibeleni, okulandelayo Intetho ngqo nengxelo-ntetho Izibizo nezimelabizo
Ukubalisa iinkcazelo zeziganeko ngokulandelelana	Izihlomelo Izibizo nezimelabizo Amaxesha ezenzi, umz. ixesha elidlulileyo Izenzi
Amabali nemidlalo yeqonga	Amagama abonisa intshukumo umz. izenzi Izihlomelo ukuchaza iintshukumo Izichazi ukuchaza abalinganiswa nesimo sentlalo Izivakalisi ezilula nezimbaxa Amagama ahlanganisa izivakalisi (ngakumbi abonisa ixesha) ukubonisa ukulandelelana kweziganeko umz. kuqala, emva koko njl-njl Intetho nengxelo-ntetho Uluhlu lwamaxesha ezenzi ngakumbi ixesha elidlulileyo Iimpawu zokubhala/iziphumlisi umz. ikholoni, uphawu lokukhuza, uphawu lombuzo
Imibongo	Intsingiselo efihlakeleyo umz. isimntwiso, isifaniso. , isikweko njl-njl Izibizo Izichazi Izimelabizo Izihlomelo Izivakalisi ezilula
Iinkqubo/imiyalelo/ Izalathiso	Izenzi ingakumbi ekuqaleni kwemiyalelo Iziyaleli Izihlomelo Amagama asixelela ukuba njani, nini, phi, nabani Amagama ahlanganisa izivakalisi ukubonakalisa ukulandelelana kwamanqanaba umz. emva koko, kuqala, okwesibini, ekugqibeleni Amaxesha ezenzi umz. ixesha langoku

Uhlobo lwetekisi	Izakhi zolwimi ezifunyanwa kuhlobo lwetekisi nganye
Iincoko	Izenzi Izimelabizo Ukwakhiwa kwezivakalisi umz, imibuzo Amaxesha ezenzi umz. ixesha langoku, ixesha elidlulileyo
Iitekisi ezinika ulwazi	Izibizo Amaxesha ezenzi umz. ixesha langoku Izenzi Izichazi Izimelabizo Ukukhuliswa kwesigama umz. isigama sokuthelekisa izinto ezahlukileyo Iimpawu zokubhala/iziphumlisi, umz. ikoma
Iingcaciso	Amaxesha ezenzi, umz. . ixesha langoku Izibizo Izichazi
Iinkcazelo	Amaxesha ezibizo umz. ixesha langoku, ixesha elidlulileyo Izibizo Izichazi ezisetyenziselwa ukunika iinkcukacha

Ibanga 4	Ibanga 5	Ibanga 6
ULWAZI		
- Amabali neenkcazelo ezibaliswayo umz iindaba, amabali, inkcazelo yento-esekelwe kumanqaku ayinyani - Ulwazi-gabalala lweetekisi - litekisi ezibonwayo neziviwayo ezifana nezaziso zikanomathotholo - Imiyalelo efana nemiyalelo yemifuniselo (experiments), imigaqo yemidlalo, izalathiso - litekisi ezibonwayo umz. iimephu, iifoto, iimifanekiso	- Amanqaku ayinyani/amabali/iinkcazelo ezibaliswayo umz. iindaba, iinkcazelo zezinto- ezisekelwe kumanqaku ayinyani - litekisi ezinika ulwazi gabalala - litekisi ezinika ulwazi - litekisi ezibonwayo neziviwayo ezifana nezaziso zikanomathotholo - Imiyalelo efana nemiyalelo yemifuniselo, imigaqo yemidlalo, izalathiso - litekisi ezibonwayo umz. iimephu, iifoto, iimifanekiso	- linkcazelo ezifana neencwadi zokukhangela ulwazi, izichazi magama, iinkcazelo, iitekisi ezivela kwezinye izifundo - linkcazelo ezibaliswayo ezifana neengxelo zeendaba (izihloko, ukuchaza izihloko, isiqu, intetho) iingxelo zombukeli - litekisi ezinika ulwazi: - litekisi ezibonwayo neziviwayo: iintengiso, iipowusta, amanqaku emagazini - Imiyalelo efana nemiyalelo yemifuniselo, imigaqo yemidlalo, izalathiso - litekisi ezibonwayo umz. iimephu, iifoto, iimifanekiso
UNCWADI		
- Amabali: amabali ale mihla, iintsomi, amavo, amabali amangalisayo angaqhelekanga, amabali odelo-ngozi, amabali angaqhelekanga ahlekisayo, amabali ayinyani. - Amabali omntu abaliswayo afana neembali ezimfutshane ezinoburharha (ukulandelelaniswa kweziganeko), idayari - Imibongo, imidlalo yeqonga, ukulinganisa	- Amabali: amabali ale mihla, iintsomi, amavo, amabali amangalisayo angaqhelekanga, amabali odelo-ngozi, amabali angaqhelekanga ahlekisayo, amabali ayinyani, amabali embali. - Amabali omntu abaliswayo afana neembali ezimfutshane ezinoburharha (veza imeko, landelelanisa iziganeko), idayari - Imibongo, imidlalo yeqonga, ukulinganisa	- Amabali: amabali ale mihla, iintsomi, amavo, amabali amangalisayo angaqhelekanga, amabali odelo-ngozi, amabali angaqhelekanga ahlekisayo, amabali ayinyani, amabali embali, amabali enzululwazi, imibongo ebalisayo. - Amabali omntu abaliswayo afana neembali ezimfutshane ezinoburharha (veza imeko, landelelanisa iziganeko, nika izimvo), idayari, - ibali ngobomi bakho olibhale ngokwakho - Imibongo, imidlalo yeqonga, ukulinganisa
IITEKISI ZENTLALO/EZIMFUTSHANE		
- lincoko umz. ukwenza uphando/buza imibuzo , ukunika ulwazi ngosapho lwakho - litekisi zentlalo ezimfutshane : amakhadi emibuliso, amanqaku, imiyalezo	- lincoko: umz. ukwenza isicelo, inkcazelo , ukunika ulwazi ngendawo ohlala kuyo - litekisi zentlalo ezimfutshane : izaziso, imiyalezo	- lincoko : umz. ukwenza isicelo, inkcazelo , ukunika ulwazi ngendawo ohlala kuyo - litekisi zentlalo ezimfutshane : izaziso, imiyalezo

3. 2. 3 Ubude betekisi yoLwimi Lwesibini Olongezelelweyo

Itekisi	Ibanga 4	Ibanga 5	Ibanga 6
Imihlathi • Amagama • Izivakalisi			
	Amagama 10 – 20	Amagama 20 - 30	Amagama 30 - 40
	Izivakalisi 3 – 4	Izivakalisi 4 – 6	Izivakalisi 6 – 8
litekisi zomlomo eziyilwayo umz. ukubalisa kwakhona, okanye ukubalisa amabali	Imizuzu emi-3	Imizuzu emi-3	Imizuzu emi-3
litekisi eziyilwayo neetekisi ezinika ulwazi umz. ukubalisa kwakhona, amabali, iingxelo	Amagama 20 Umhlathi om-1	Amagama 30 Umhlathi om-1	Amagama 40 Umhlathi emi - 2
litekisi ezimfutshane, umz • Imiyalezo, amanqaku • iinkcazelo	Amagama 10 – 20	Amagama 20 – 30	Amagama 30 – 40

3. 2. 4 Ubude betekisi zoLwimi Lwesibini Olongezelelweyo (omabuveliswe ngabantwana)

Umsebenzi	Ibanga 4	Ibanga 5	Ibanga 6
Isicatshulwa esidana esiphulaphulwayo umz. ibali, udliwanondlebe, umdlalo, ingxelo yeendaba	100-150 amagama/ukuya kwimizuzu emi-5	150-200 amagama/ukuya kwimizuzu emi-5	200-250 amagama/ukuya kwimizuzu emi-5
Isicatshulwa esifutshanana esiphulaphulwayo umz. Izaziso, itekisi enika ulwazi, imiyalelo, izalathiso	50-60 amagama/ Imizuzu emi-1-2	60-70 amagama/ Imizuzu emi-1-2	70- 80 amagama/ Imizuzu emi-1-2
Isicatshulwa esifundwayo litekisi ezifundwayo	100-150 amagama	150-200 amagama	200-250 amagama

3. 2. 5 Isigama esilindelekileyo kubafundi boLwimi Lwesibini Olongezelelweyo

	Ikota	1	2	3	4
Isigama namagama aqhelekielyoesiwasebenzisa ekuthetheni	Ibanga 4	20 – 30	30 – 40	40 – 50	50 – 60
	Ibanga 5	60 – 710	70 – 80	80 – 90	90 – 100
	Ibanga 6	100 – 110	110 – 120	120 – 130	130 – 150
Isigama sokufunda ((amagama amatsha)	Ibanga 4	30 – 50 (10 – 20)	30 – 50 (10 – 20)	30 – 50 (10 – 20)	30 – 50 (10 – 20)
	Ibanga 5	50 – 80	50 – 80	50 – 80	50 – 80
	Ibanga 6	80 – 100	80 – 100	80 – 100	80 – 100

3.3 IZICWANGCISO ZOKUFUNDISA

Isicwangciso sokufundisa sibonisa owona mxholo uphantsi unokwenziwa ngekota. Ulandelelwano lomxholo oludweliswe ngokweeveki ezimbini alunyanzeliswa yaye nexesha elinikiweyo luqikelelo olubonisa ukuba kungathatha ixesha elingakanani ukwenza umxholo. Ootitshala kufuneka bayile izicwangciso zokufundisa/izicwangciso zomsebenzi zabo besebenzisa iincwadi zokufundisa umxholo ngeeveki ezimbini besebenzisa ulandelelwano nesantya esifanelekileyo. Umxholo onikwa ngeeveki ezimbini ziitekisi/imisebenzi engundoqo enezakhono kunye neendlela zokufunda ekufuneka abafundi babe nazo.

3.3.1 Indlela ezidibana ngayo iitekisi ngeeveki ezimbini

Kusetyenziswe iitekisi ezahlukeneyo njengesiseko sokuyila umjikelo wokufundisa ngeeveki ezimbini. Zikhethe ngokokuba zidibana njani ukwenza uqilima oludibeneyo, umzekelo, abafundi baya kuphulaphula ibali baze bafunde ibali. Baya kucelwa ukuba babhale ingcaciso yomlomo yendawo okanye yomntu (eya kudibana nebali) okanye banokucelwa ukuba babhale umyalezo malunga nebali. Ukukhetha umxholo weeveki ezimbini oya kukwenza ukwazi ukudibanisa imisebenzi ngokuyimpumelelo. Izizathu zokusebenzisa imixholo kukwenza ukuba isigama nesakhi solwimi sikwazi ukubekelwa ukumana sisetyenziswa kwimixholo enentsingiselo. Xa sele kusetyenzwa, udiyano lunika uluhlu: uluhlu lweendlela, imisebenzi, iitekisi nemixholo (jonga imiXholo eCetyiswayo - ULuhlu lokuNgqinisisa apha ngezantsi)

3.3.2 Indlela ezilandelelaniswa ngayo iitekisi/imisebenzi ngeeveki ezimbini

Akunyanzelekanga ukuba iitekisi zifundiswe ngokulandelelana okuthile. Kumaxesha amaninzi, kufuneka kubekho umsebenzi/iitekisi wokuphulaphula wokuthetha owenzelwa ukulungiselela umsebenzi wokufunda okanye wokubhala. Ngamanye amaxesha, umsebenzi wokuphulaphula nokuthetha kufuneka ususelwe kwitekisi yokufunda. Abafundi kufuneka basebenze ngeentlobo ngeentlobo zeetekisi xa besenza umsebenzi womlomo naxa befunda phambi kokuba baxelelwe ukuba mababhale ezi tekisi. Kwiimeko ezininzi, kufuneka ziphulaphulwe iitekisi eziza kuphulaphulwa, umzekelo, ibali liya kwahluka yaye libe kwinqanaba eliphezulwana kunelo baya kulifunda abafundi. Le nto yenziwa kukuba izakhono zabo zokuphulaphula sele ziphuhlisekile kunezakhono zokufunda.

3.3.3 Uhlobo lweetekisi ezimiselweyo nezicetyiswayo

Kukho iintlobo zeetekisi ezimiselweyo ekufuneka zifundiswe rhoqo ngeeveki ezimbini. Ezi tekisi zibekiwe kwisicwangciso sokufundisa yaye kufuneka zibe khona kwincwadi emiselweyo. Kumaxesha amaninzi, akumiselwa uhlobo oluthile lwebali. Kungakhethwa kuluhlu lwamabali aziwayo, amabali engqikelelo (umzekelo, angokulinga izinto, awenzululwazi) amabali embali (umzekelo, amabali amalunga nabantu abathile) kunye neentsomi (umzeleko, ezingembali, ezingamaqhawe nezingamabali njee) ezifumanekayo. Oku kuyafana nakwimibongo nemidlalo.

Kuzo zonke iimeko, oku kufunda kongezelelweyo kufuneka kuhambelane nezihloko nemixholo ekhethelwe ezo tekisi zimiselweyo kwezo veki zimibini. Le nto ibaluleke kakhulu nanjengoko igxininisa kulwazi lomfundi woLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo nokuqonda kwakhe isigama nemiba ezalana nesihloko.

3. 3. 4 Inani leetekisi ezingundoqo kwiiveki ezimbini

Ekuqaleni konyaka kudla ngokubakho uhlobo olunye lwetekisi okanye umsebenzi kwiiveki ezimbini. Ngamanye amaxesha kuya kubakho iintlobo zeetekisi okanye zemisebenzi ezimbini ngeeveki ezimbini. Fundisa ezi ntlobo zeetekisi kunye nemisebenzi ehambelana nazo ukhumbula ukuba abafundi baza kudibana nazo amaxesha ngamaxesha apha enyakeni.

3. 3. 5 Indlela ezifundiswa ngayo izakhi nokusetyenziswa kolwimi

Umxholo lwecandelo 'Izakhi nokusetyenziswa kolwimi' uthathwe kwiintlobo zeetekisi ezimiselwe phantsi kwezihloko ezithi ukuPhulaphula nokuThetha, ukuFunda, nokuBhala yaye uya kufundiswa ngoethuba kufundwa iitekisi nangethuba elabelwe ukuPhulaphula nokuThetha, ukuFunda nokuBhala. Umzekelo, ukuba kufuneka kwenziwe ibale, abafundi baza kusebenzisa ixesha elidlulileyo baze bafunde iitekisi besebenzisa eli xesha. Kodwa ke, kubalulekile ukuba kwenziwe imisebenzi egxile kwisakhi esithile solwimi ngokusemholweni. Khetha izinto ezikwicandelo 'Izakhi nokusetyenziswa kolwimi' ukunika abafundi ukuziqhelisa okongezelelweyo kule miba. Yenza imisebenzi enentsingiselo kubafundi yaye ezalana neetekisi abazifundayo kwezo veki zimbini. Kufuneka kwenziwe eminye imisebenzi efana nale ngokuya abafundi beqhuba ukusuka kwiBanga 4 ukuya ku6. Yikhethe ngobunono imigaqo oza kubacacisela yona abafundi uze uyigcine imbalwa kangangoko. Abafundi boLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo bafunda ulwimi ngokumana bedibana nabantu abalusebenzisayo nangokulusebenzisa. Ezi zakhono ziya kuphuculwa kukuziqhelisa nezakhi nokusetyenziswa kolwimi. Ukufunda kufuneka kudibanise zonke izakhono nezakhi zolwimi nanjengoko zihambelana. Zonke ezi zakhono mazifundiswe ngokusemholweni.

ImiXholo eCetyiswayo - ULuhlu lokuNgqinisisa	
• Izilwanyana • Umzimba • Iimpahla • Imibala • Iintsuku neeNyanga • Iimvakalelo • Usapho • Ukutya • Ukubulisa • Izinto ezithanda ukwenziwa	• Indlu • Izinto endizithandayo nendingazithandiyo • Umculo • Indalo/okusingqongileyo • Iindawo • Isikolo • Ezemidlalo • Ixesha • Ezothutho • Imozulu namaxesha onyaka

3. 4 UMXHOLO NESICWANGCISO SOKUFUNDISA SOLWIMILWESIBINI OLONGEZELELWEYO

IBANGA 4

IBANGA 4 IKOTA 1				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 1-2	Ukuphulaphula nokuthetha - incoko elula ngolwimi olufundwayo (umzekelo, ukubulisa) • Ukuphendula imibuzo elula • Nika abalinganiswa abasebalini • Ukulumela ngolunye ulwimi xa kuyimfuneko Ukuziqhelisa ukuphulaphula nokuthetha • Ukugxininisa ekuziqheliseni izandi	Ukufunda Ukufunda amagama asekelwe kwincoko ebhaliweyo • Ukuphendula imibuzo elula malunga netekisi • Ukuvakalisa izimvo malunga nebali • Ukuxoxa ngesigama esitsha esifunyenwe kwitekisi efundiweyo • Ukupela - amagama amahlanu akhutshwe kwitekisi efundiweyo -	Ukufundisa isikriphi Ukubhala amagama alula • Ukubuza imibuzo emalunga nebali	Ukusebenza ngamagama • Ukwakhela kulwazi lwezandi ukupela amagama, umzekelo ukwakha amagama azalana ngokwemvakalo okanye ngokwembonakalo. • Ukwakhela kulwazi lwamagama abonwa rhoqo kwiitekisi Ukusebenza ngamagama • Ukuqonda nokusebenzisa amagama ngokusemholweni Isigama kwimeko ethile
Iveki 3-4	UkuPhulaphula nokuThetha incoko ngolwimi olufundwayo (umzekelo, unxibelelwano lwaseklasini) • Ukuphendula imibuzo • Ukuxoxa ngesigama esitsha • Ukumana elumela ngolunye ulwimi xa kuyimfuneko	Ukufunda Ukufunda amagama asekelwe kwincoko	Ukubhala Ukufundisa isikriphi Ukubhala amagama alula • Ukusebenzisa isigama esifanelekileyo	Ukusebenza ngamagama • Ukwakhela kulwazi lwezandi ukupela amagama, umzekelo ukwakha amagama azalana ngokwemvakalo okanye ngokwembonakalo. • Ukwakhela kulwazi lwamagama abonwa rhoqo kwiitekisi Isigama kwimeko ethile

IBANGA 4 IKOTA 1				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 5-6	Ukuphulaphula ibali Khetha kumabali aziwayo asekelwe kwinyani/ amabali emveli/ukubalisa ngokukwehleleyo/ awokulinga izinto/obomi benyani Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukuphendula imibuzo elula • Ukunika abalinganiswa abasebalini ngokuchanekileyo • Ukusebenzisa amagama ukuveza iimvakalelo zakhe malunga nebali • Ukumana elumela ngolunye ulwimi xa kuyimfuneko	Ukufunda Ukufunda isicatshulwa kwincwadi yebanga okanye i(i)ncwadi yamabali okanye uVimba kaTitshala • Ukudibanisa nokutshatisa amagama malunga nebali - encediswa • Ukuvakalisa izimvo malunga nebali • Ukuphendula imibuzo malunga netekisi Ukuziqhelisa ukufunda • Ukufunda ngokukhwaza ukwenzela ukwazisa ngokubiza amagama ngokufanelekileyo	Ukufundisa isikriphi Ukubhala ibali • Ukubhala amagama okanye amabinzana amalunga nebali • Ukuzibhalela amagama akhe ukuveza iimvakalelo zakhe malunga nebali Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe • Ukusebenzisa imizobo okanye izivakalisi ebonisa intsingiselo ngamagama okanye iingcaciso ezithile	Ukusebenza ngamagama • Ukucazulula amagama ngokwamalungu, umzekelo, pha-ntsi; phe-zu-lu • Amagama aqala ngoonobumba abathile (umz. Akhona, Anathi, apha, am) Ukusebenza ngezivakalisi • Ukwakhela ekusetyenzisweni kwesivumelanisi sentloko, umzekelo: Umntwana uyafunda/ Abantwana bayafunda • Ukusebenzisa izenzi ezikwimo emfutshane, umzekelo, uhamba, uhambe

IBANGA 4 IKOTA 1				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 7-8	Ukuphulaphula nokulandela imiyalelo elula, umzekelo, iresiphi/ imiyalelo yokwenza into ethile Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukuphendula imibuzo • Ukuphulaphula nokuphendula ngendlela efanelekileyo Ukunika imiyalelo elula • Ukusebenzisa iinkcukacha ezichanekileyo • Ukulandelelanisa ngokuchanekileyo Ukuziqhelisa ukuphulaphulela nokuthethela ukwandisa ulwazi (khetha into eza kwenziwa yonek imihla) • Ukwenza isicengcelezo, umbongo okanye ukucula ingoma elula • Ukwenza imiyalelo ayixelelwayo • Ukudlala umdlalo wolwimi • Ukugxininisa ekuziqheliseni izandi	Ukufunda iitekisi zokulandela inkqubo (zemiyaalelo) elula, umzekelo, iresiphi/ imiyalelo yokwenza into ethile Itekisi ekhutshwe kwincwadi yokufundisa okanye uVimba kaTitshala • Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda nowokuxoxa: ukuqikelela ngokujonga isihloko sencwadi nemifanekiso • Ukuphendula imibuzo malunga netekisi • Ukuxoxa ngokulandelelana kwemiyalelo • Ukulandela imiyalelo Ukuziqhelisa ukufunda • Ukufunda ngokukhwaza ukwenzela ukubiza amagama ngokufanelekileyo	Ukufundisa isikriphthi Ukubhala imiyalelo elula elandela isakhelo • Ukunombola imiyalelo • Ukusebenzisa ulandelelwano olufanelekileyo (ukulungelelanisa ngokulandelelwano olufanelekileyo) • Ukubhala imiyalelo/ amagama elandela isakhelo • Ukulungisa upelo esebenzisa isichazi-magama Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe • Ukusebenzisa imizobo okanye amagama ukucacisa intsingiselo yawo, njalo njalo	Ukusebenza ngamagama • Ukupela amagama awaqhelileyo ngokuchanekileyo, esebenzisa isichazi-magama azakhele sona • Ukusebenzisa isichazi-magama ukukhangela indlela yokupela neentsingiselo zamagama Ukusebenza ngezivakalisi • Ukusebenziwsa uhlobo lokuyalela. • Ukuqonda nokusebenzisa isilanduli • Ukusebenzisa amaxesha (umzekelo, 'Ndigqibile.') • Ukuqalisa ukusetyenziswa kwesinye nesininzi ngokuchanekileyo Isigama kwimeko ethile • Ukusebenzisa amagama athathwe kwiitekisi ezifundwa notitshala okanye azifundela yedwa

IBANGA 4 IKOTA 1				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 9-10	Ukuphulaphula ingoma/umbongo olula Itekisi ekhutshwe kwincwadi yokufundisa okanye uVimba kaTitshala • Ukuxoxa umba ophambili • Ukuthelekisa namava akhe • Ukumana elumela ngolunye ulwimi xa kuyimfuneko • Ukuchonga imvano-siqalo • Ukuvakalisa iimvakalelo ezivuselelwa libali • Ukudlala ingoma/ imiqolo ethile Ukudlala umdlalo wolwimi • Ukulandela imiyalelo ngokuchanekileyo • Ukusebenzisa isigama esifanelekileyo Ukuziqhelisa ukuphulaphulela nokuthethela ukwandisa ulwazi (khetha into eza kwenziwa yonke imihla) • Ukwenza isicengcelezo, umbongo okanye ukucula ingoma elula • Ukwenza imiyalelo ayixelelwayo • Ukudlala umdlalo wolwimi olula • Ukugxininisa ekuziqheliseni izandi	Ukubhala umbongo/ imibongo elula Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda: ukuqikelela ngokujonga isihloko sencwadi nemifanekiso • Ukusebenzisa iindlela zokufunda, umzekelo, ukuqikelela, ukujonga imifanekiso ngocoselelo, ukusebenzisa izikhokelo ezisemxholweni • Ukuphendula imibuzo malunga netekisi • Ukuchonga isingqi nesingqisho • Ukucazulula amagama abe ngamalungu • Ukuvakalisa iimvakalelo ezivuselelwa libali Ukufunda nokusombulula iiphazili zamagama (ukwenzela ukwandisa ulwazi) • Ukupela amagama ngokuchanekileyo • Ukubonisa ukuqonda iintsingiselo zamagama Ukuziqhelisa ukufunda • Ukufunda ngokukhwaza ebiza amagama ngokufanelekileyo, ebonisa nesingqi esifanelekileyo Ukuthetha ngeetekisi azifundele eyedwa/ abazifunde bengababini • Ukuvakalisa impendulo yovakalelo okulula (izinto azithandayo nangazithandiyo) malunga neetekisi azifundileyo.	Ukufundisa isikriphthi Ukubhala izivakalisi ezi-2 ukuya kwezi-3 malunga nombongo kwisakhelo • Ukubhala amabinzana alula Ukuziqhelisa ukubhalela ukwandisa ulwazi • Ukubhala amagama aqala ngesandi esinye, umzekelo, Hlala/Hlela Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe • Ukusebenzisa imizobo okanye izivakalisi ebonisa intsingiselo ngamagama okanye iingcaciso ezithile	Ukusebenza ngamagama • Amagama ahambelanayo ngokwentsingiselo, umzekelo, iqweqwe nephepha ngamagama athetha nge"ncwadi" Ukusebenza ngezivakalisi • Ukusebenzisa uphawu lombuzo • Ukusebenzisa uphawu lokhuzo Isigama kwimeko ethile • Ukusebenzisa amagama athathwe kwiitekisi ezifundwa notitshala okanye azifundela yedwa

IBANGA 4 IKOTA 2				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 11-12	Ukuphulaphula ibali Khetha kumabali aziwayo asekelwe kwinyani/ amabali emveli/ukubalisa ngokukwehleleyo/ awokulinga izinto/obomi benyani Itekisi ekhutshwe kwincwadi yokufundisa okanye uVimba kaTitshala • Ukuqikelela okuza kulandela • Ukuphendula imibuzo elula • Ukunika abalinganiswa abasebalini ngokuchanekileyo Ukuziqhelisa ukuphulaphulela nokuthethela ukwandisa ulwazi (khetha into eza kwenziwa yonke imihla) • Ukwenza isicengcelezo, umbongo okanye ukucula ingoma elula • Ukwenza imiyalelo ayixelelwayo • Ukudlala umdlalo wolwimi olula • Ukugxininisa ekuziqheliseni izandi	Ukufunda ibali Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda nowokuxoxa: ukuqikelela ngokujonga isihloko sencwadi nemifanekiso • Ukubuza imibuzo emalunga nebali • Ukuchonga isimo sentlalo nabalinganiswa Ukwenza umsebenzi wovavanyo lokuqonda osekwe kwitekisi (yomlomo) • Ukuxoxa ngesigama esitsha esifunyenwe kwitekisi efundiweyo • Ukusebenzisa isichazi-magama Ukuziqhelisa ukufunda • Ukufunda ngokukhwaza ebiza amagama ngokufanelekileyo, ebonisa nesingqi esifanelekileyo	Ukufundisa isikriphthi Ukubhala umyalezo omfutshane • Ukukhetha umxholo ofanelekileyo • Ukuxelela omnye umntu malunga netekisi • Ukuphela ngegama lakhe Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe • Ukusebenzisa imizobo okanye izivakalisi ebonisa intsingiselo ngamagama okanye iingcaciso ezithile	Ukusebenza ngamagama • Ukwakhela kulwazi lwezandi ukupela amagama, umzekelo ukwakha amagama azalana ngokwemvakalo okanye ngokwembonakalo. • Ukwakhela kulwazi lwamagama abonwa rhoqo kwiitekisi kunye namagama asetyenziswa rhoqo entethweni • Ukusebenzisa ulwazi lokulandelelana kwealfabhethi nonobumba wokuqala wegama xa ekhangela amagama kwisichazi-magama. • Imizekelo yesinye nesininzi • Ukusebenzisa isini sesiduna nesikhomokazi (umzekelo, inkunzi/ imazi) Ukusebenza ngezivakalisi • Ukwakhela kulwazi lokusebenzisa izibizo ezingabantu okanye iindawo Isigama kwimeko ethile • Ukusebenzisa amagama athathwe kwiitekisi ezifundwa notitshala okanye azifundela yedwa

IBANGA 4 IKOTA 2				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 13-14	Ukuphulaphula itekisi enika ulwazi, umzekelo, izihloko ezilula ezifana neNcoko yasegaraji okanye esuphamakethi Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukuchonga iinkcukacha ezithile • Ukuthelekisa namava akhe/ • Ukumana elumela ngolunye ulwimi xa kuyimfuneko Ukuphulaphula nokuphendula incoko yomlomo/imiyalelo/ingcaciso elula Ukulandela Imiyalelo/inkcazelo Ukubonisa ukuqonda isigama esizalana nencoko/imiyalelo/inkcazelo Ukuphulaphula inkcazelo aze achaze into • Ukunika ngokuchanekileyo into echazwayo • Ukusebenzisa amagama achaza into ngokuchanekileyo • Ukusebenzisa amagama amatsha • Ukusebenzisa izichazi Ukuziqhelisa ukuphulaphula nokuthetha (khethe into eza kwenziwa yonke imihla) • Ukwenza isicengcelezo, umbongo okanye ukucula ingoma elula • Ukwenza imiyalelo ayixelelwayo • Ukudlala umdlalo wolwimi olula • Ukugxininisa ekuziqheliseni izandi	Ukufunda itekisi enika ulwazi enezinto ezibonwayo, umzekelo, imifanekiso/iimephu/imizobo neefoto Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda nowokuxoxa: ukuqikelela ngokujonga isihloko sencwadi nemifanekiso/izinto ezibonwayo • Ukubuza nokuphendula imibuzo elula • Ukuxoxa malunga nemiba ephambili • Ukucacisa iinkcukacha ezikwizinto ezibonwayo Ukufunda itekisi ebonwayo, umzekelo ipowusta ebhengeza umcimbi othile • Phambi kokufunda: ukuxoxa ngemifanekiso • Ukucacisa iinkcukacha • Ukuxoxa malunga nenjongo yetekisi • Ukuxoxa malunga nolwimi oluthile olusetyenzisiweyo • Ukuchonga axoxe ngeempawu zoyilo ezifana nombala kunye nobukhulu obahlukeneyo okanye iintlobo zeefonti	Ukubhala itekisi enika ulwazi, efumana inkxaso (kwisakhelo) • Ukufakela amagama ashiiweyo kwitekisi ebhaliweyo/isishwankathelo • Ukusebenzisa isigama esifanelekileyo • Ukusebenzisa isigama esitsha esithile esifunyenwe kwitekisi efundiweyo Ukuyila itekisi ebonwayo, umzekelo ipowusta ebhengeza umcimbi othile • Ukufundisa isikripthi • Ukukhetha ulwazi olufanelekileyo • Ukusebenzisa isakhiwo esichanekileyo • Ukusebenzisa iimpawu zoyilo ezisisiseko, ezifana nombala kunye nobukhulu obahlukeneyo okanye iintlobo zeefonti Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe • Ukusebenzisa imizobo okanye izivakalisi ebonisa intsingiselo ngamagama okanye iingcaciso ezithile	Ukusebenza ngamagama • Ukuqalisa ukusebenzisa isininzi • Amagama anezikhamiso eziphinda-phindwayo (umz. iinyosi): Ukusebenza ngezivakalisi • Uqonda asebenzise izimnini ezakhiwe kwizibizo (umz. ubuso bukaThandi) • Ukusebenzisa isimelabizo soqobo • Ukuqalisa ukusebenzisa amaxesha ezenzi Isigama kwimeko ethile • Ukusebenzisa amagama athathwe kwitekisi ezifundwa notitshala okanye azifundela yedwa • Ukusebenzisa izithetha-ntonye (amagama anentsingiselo efanayo, umzekelo, phulaphula/mamela)

IBANGA 4 IKOTA 2				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 15-16	Ukuphulaphula ibali Ukukhetha kumabali emveli/ukubalisa ngokukwehleleyo/awokulinga izinto/obomi benyani Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukuqikelela okuza kulandela • Ukuphendula imibuzo elula • Nika abalinganiswa abasebalini • Ukunika abalinganiswa abachazwe ngomlomo Ukuziqhelisa ukuphulaphula nokuthetha (khetha into eza kwenziwa yonke imihla) • Ukwenza isicengcelezo, umbongo okanye ukucula ingoma elula • Ukwenza imiyalelo ayixelelwayo • Ukudlala umdlalo wolwimi olula • Ukugxininisa ekuziqheliseni izandi	Ukufunda ibali Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda nowokuxoxa: ukuqikelela ngokujonga isihloko sencwadi nemifanekiso • Ukubuza imibuzo emalunga nebali • Ukuqala ukusebenza ngesimo sentlalo nabalinganiswa Ukwenza umsebenzi wovavanyo lokuqonda osekkelwe kwitekisi (yomlomo) • Ukuxoxa ngesigama esitsha esifunyenwe kwitekisi efundiweyo • Ukusebenzisa isichazi-magama Ukuziqhelisa ukufunda • Ukufunda ngokukhwaza ebiza amagama ngokufanelekileyo, ebonisa nesingqi esifanelekileyo	Ukubhala umyalezo omfutshane/iinowuthsi ezimfutshane • Ukukhetha umxholo ofanelekileyo • Ukuxelela omnye umntu malunga netekisi • Ukuphela ngegama lakhe Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe • Ukusebenzisa imizobo okanye izivakalisi ebonisa intsingiselo ngamagama okanye iingcaciso ezithile	Ukusebenza ngamagama • Ukusebenzisa ulwazi lokulandelelana kwealfabhethi nonobumba wokuqala wegama xa ekhangela amagama kwisichazi-magama. • Ukugxininisa imizekelo yesinye nesininzi • Ukusebenzisa isini sesiduna nesikhomokazi (umzekelo, inkunzi/ imazi) Ukusebenza ngezivakalisi • Ukwakhela kulwazi lokusebenzisa izibizo ezingabantu okanye iindawo • Ukwazisa izenzi • Ukusebenzisa iindidi ezahlukeneyo zezichazi • Ukwakhela kulwazi lwakhe lokuqonda nokusebenzisa amaxesha ezenzi • Ukwakhela kulwazi lokusebenzisa izivumelanisi Isigama kwimeko ethile • Ukusebenzisa amagama athathwe kwiitekisi ezifundwa notitshala okanye azifundela yedwa

IBANGA 4 IKOTA 2				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 17-18	Ukuphulaphula nokulandela imiyalelo elula, umzekelo, iresiphi/ imiyalelo yokwenza into ethile Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukuxoxa ngeenkukacha ezithile zetekisi • Ukubuza imibuzo yokufumana ulwazi • Ukuphulaphula nokuphendula ngendlela efanelekileyo Ukunika imiyalelo (ubuncinane amanyathelo amabini) • Ukusebenzisa isigama esifanelekileyo • Ukuqalisa ukufunda ngemisebenzi yezenzi • Ukunika imiyalelo ngokulandelelana okufanelekileyo Ukuziqhelisa ukuphulaphula nokuthetha (khetha into eza kwenziwa yonke imihla) • Ukwenza imiyalelo ayixelelwayo • Ukunika alandele imiyalelo/izalathiso ezilula • Ukugxininisa ekuziqheliseni izandi	Ukufunda iitekisi zokulandela inkqubo (zemiyaalelo) elula, umzekelo, iresiphi/ imiyalelo yokwenza into ethile Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda nowokuxoxa: ukuqikelela ngokujonga isihloko sencwadi nemifanekiso • Ukuxoxa ngeenkukacha ezithile zetekisi • Ukuxoxa ngokulandelelana kwemiyaalelo	Ukufundisa isikriphthi Ukubhala malunga nenkqubo elandelwayo, efumana inkxaso Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukufakela iinkukacha kwisakhelo • Ukusebenzisa iinkukacha ezichanekileyo • Ukuhlala emxholweni okwisakhelo • Ukusebenzisa igrama, upelo neempawu zokubhala ezifanelekileyo • Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe Ukuleyibhelisha kunye/ okanye nokufaka iinkukacha kwitekisi ebonwayo, umzekelo, umzobo/imifanekiso/iikhathuni/iimephu/iifoto • Ukuphulaphula/ ukufunda ulwazi Ukuquka iinkukacha ezithile • Ukusebenzisa isigama esifanelekileyo • Ukufakela iileyibheli kwiindawo ezichanekileyo Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe • Ukusebenzisa imizobo okanye izivakalisi ebonisa intsingiselo ngamagama okanye iingcaciso ezithile	Ukusebenza ngamagama • Amagama anezikhamiso eziphinda-phindwayo (umz. iinyosi): • Ukupela amagama awaqhelileyo ngokuchanekileyo, esebenzisa isichazi-magama azakhele sona • Ukusebenzisa isichazi-magama ukukhangela indlela yokupela neentsingiselo zamagama • Ukwakhela kulwazi lwamagama abonwa rhoqo kwiitekisi kunye namagama asetyenziswa rhoqo entethweni Ukusebenza ngezivakalisi • Ukusebenzisa isiyaleli, umzekelo, Hamba. • Fundisa izihlomelo, umzekelo, esikolweni Isigama kwimeko ethile • Ukusebenzisa izichasi (amagama aneentsingiselo ezichaseneyo, umzekelo, phantsi/ phezulu) • Ukusebenzisa amagama athathwe kwiitekisi ezifundwa notitshala okanye azifundela yedwa
Iveki 19-20	UKUHLOLA OKUSESIKWENI			

IBANGA 4 IKOTA 3				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 21-22	Ukuphulaphula itekisi enika ulwazi, umzekelo, iitekisi ezilula ezifana neTekisi ethi Usapho Lwam enokufumaneka kwincwadi yomfundi emiselweyo okanye uVimba kaTitshala • Ukuchonga iinkcukacha ezithile • Ukuthelekisa namava akhe/ • Ukumana elumela ngolunye ulwimi xa kuyimfuneko Ukuphulaphula nokuphendula incoko yomlomo/inkcazelo elula • Ukulandela loo nkcazelo • Ukubonisa ukuqonda isigama esizalana nenkcazelo Ukuziqhelisa ukuphulaphulela nokuthethela ukwandisa ulwazi (khetha into eza kwenziwa yonke imihla) • Ukwenza isicengcelezo, umbongo okanye ukucula ingoma elula • Ukudlala umdlalo wolwimi olula • Ukunika alandele imiyalelo/izalathiso • ezilula • Ukubalisa iindaba zakhe • Ukuphinda abalise ibali alivileyo okanye aliphulaphuleyo • Ukugxininisa ekuziqheliseni izandi	Ukufunda itekisi enika ulwazi enezinto ezibonwayo, umzekelo, imifanekiso/iimephu/imizobo neefoto Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda nowokuxoxa: ukuqikelela ngokujonga isihloko sencwadi nemifanekiso/izinto ezibonwayo • Ukubuza nokuphendula imibuzo elula • Ukuxoxa malunga nombaba ophambili • Ukucacisa iinkcukacha ezikwizinto ezibonwayo Ukwenza umsebenzi wovavanyo lokuqonda osekwe kwitekisi (yomlomo) Ukufunda itekisi elula • Ukuxoxa malunga nemiba ephambili • Ukuphendula imibuzo elula Ukuziqhelisa ukufunda • Ukufunda ngokukhwaza ebiza amagama ngokufanelekileyo, ebonisa nesingqi esifanelekileyo	Ukufundisa isikripthi Ukuleyibhelisha kunye/ okanye nokufaka iinkcukacha kwitekisi ebonwayo, umzekelo, umzobo/imifanekiso/iikhathuni/iimephu/iifoto • Ukuphulaphula/ ukufunda ulwazi Ukuquka iinkcukacha ezithile • Ukusebenzisa isigama esifanelekileyo • Ukufakela iileyibheli kwiindawo ezichanekileyo Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe • Ukusebenzisa imizobo okanye izivakalisi/ amagama/amabinzana ukubonisa intsingiselo, njalo njalo	Ukusebenza ngamagama • Ukwakhela kulwazi lwezandi ukupela amagama, umzekelo ukwakha amagama azalana ngokwemvakalo okanye ngokwembonakalo. • Ukwakhela kulwazi lwamagama abonwa rhoqo kwiitekisi kunye namagama asetyenziswa rhoqo entethweni • Ukucazulula amagama ngokwamalungu, umzekelo, pha-ntsi; phe-zu-lu • Ukwakhela kulwazi lwakhe lokusetyenziswa kwesinye nesininzi Ukusebenza ngezivakalisi • Ukwakhela kulwazi lwakhe lokusetyenziswa kwezimelabizo zoqobo (umzekelo, mna, wena, bona, zona, lona) • Ukugxininisa izihlanganisi • Ukwakhela kulwazi lwakhe lokusetyenziswa kwezalathisi/ izimelabizo zokwalatha (umz. le, leyo, leya, ezi) Isigama kwimeko ethile • Ukusebenzisa amagama athathwe kwiitekisi ezifundwa notitshala okanye azifundela yedwa

IBANGA 4 IKOTA 3				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 23-24	Uthatha inxaxheba kwincoko emfutshane emalunga nesihloko asaziyo • Ukunika amathuba umntu ancokola naye • Ukuhlala emxholweni • Ukubuza imibuzo efanelekileyo Ukuziqhelisa ukuphulaphulela nokuthethela ukwandisa ulwazi (khetha into eza kwenziwa yonke imihla) • Ukwenza isicengcelezo, umbongo okanye ukucula ingoma elula • Ukudlala umdlalo wolwimi olula • Ukunika alandele imiyalelo/izalathiso • ezilula • Ukubalisa iindaba zakhe • Ukuphinda abalise ibali alivileyo okanye aliphulaphuleyo • Ukugxininisa ekuziqheliseni izandi	Ukufunda itekisi enika ulwazi, umzekelo, itekisi/ibali/umbongo/ingoma emfutshane Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda nowokuxoxa: ukuqikelela ngokujonga isihloko sencwadi nemifanekiso • Ukuphendula imibuzo elula, umzekelo, • Yintoni? Ngubani? Nini? Ukuqalisa ukusebenzisa imibuzo enzima, umzekelo, Kutheni . . . ? Ucinga ukuba kwenzeke njani . . . ? Ukwenza umsebenzi wovavanyo lokuqonda osekwe kwitekisi (yomlomo) Ukuziqhelisa ukufunda • Ukufunda ngokukhwaza ebiza amagama ngokufanelekileyo, ebonisa nesiingqi esifanelekileyo	Ukufundisa isikriphthi Ukubhala itekisi enika ulwazi emfutshane, efumana inkxaso • Ukufakela amagama ashiyiweyo kwitekisi ebhaliweyo/ isishwankathelo • Ukusebenzisa isigama esifanelekileyo • Ukusebenzisa isigama esitsha esithile esifunyenwe kwitekisi efundiweyo • Ukusebenzisa isichazi-magama ukukhangela indlela yokupela neentsingiselo zamagama Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe • Ukusebenzisa imizobo okanye izivakalisi ebonisa intsingiselo ngamagama okanye iingcaciso ezithile	Ukusebenza ngamagama • Ukusebenzisa ulwazi lokulandelelana kwealfabhethi nonobumba wokuqala wegama xa ekhangela amagama kwisichazi-magama. • Ukusebenzisa amagama aqala ngoonobumba abathile (umz. Akhona, Anathi, apha, am) Ukusebenza ngezivakalisi • Ukusebenzisa izibizo nezimelabizo • Ukuqalisa ukusebenzisa amanani amazwi nangokweendawo zawo, umzekelo, nye, bini, njalo njalo kunye nokuthi yokuqala, yesibini, yokugqibela, njalo njalo. Isigama kwimeko ethile • Ukusebenzisa amagama athathwe kwiitekisi ezifundwa notitshala okanye azifundela yedwa

IBANGA 4 IKOTA 3				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 25-26	Ukuphulaphula ulwazi olukwipowsuta □ Ukuchonga iinkcukacha ezithile • Ukuphulaphula okuthethwayo athelekise namava akhe • Ukuxoxa ngolwazi esebenzisa amazwi akhe • Ukumana elumela ngolunye ulwimi Ukuphulaphula umbongo/imibongo/ingoma ephulaphulela ukwandisa ulwazi • Ukuxoxa malunga nento ethethwa ngumbongo • Ukuthelekisa namava akhe • Ukuqaphela isingqi nesiingqisho • Ukuchonga imvano-siqalo • Ukuvakalisa iimvakalelo ezivuselelwa ngumbongo • Ukwenza umbongo/imiqolo ethile Ukuziqhelisa ukuphulaphulela nokuthethela ukwandisa ulwazi • Ukuziqhelisa ukusebenzisa izifanekiso-zwi, umzekelo, dyumpu emanzini, ngqu eludongeni • Ukugxininisa ekuziqheliseni izandi	Ukufunda iinkcukacha ezikwipowusta Ukufunda itekisi ebonwayo, umzekelo, ipowusta • Phambi kokufunda: ukuxoxa ngemifanekiso • Ukuxoxa malunga nento ethethwa yitekisi • Ukuchonga iinkcukacha ezithile • -Ukuqonda ezo nkcukacha • Ukuxoxa malunga nenjongo yetekisi • Ukuxoxa malunga nolwimi oluthile olusetyenzisiweyo • Ukuchonga axoxe ngeempawu zoyilo ezilula ezifana nombala kunye nobukhulu obahlukeneyo okanye iintlobo zeefonti Ukuphulaphula umbongo/imibongo/ingoma ephulaphulela ukwandisa ulwazi • Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda: ukuqikelela ngokujonga isihloko sencwadi nemifanekiso • Ukusebenzisa iindlela zokufunda, umzekelo, ukuqikelela, ukujonga imifanekiso ngocoselelo, ukusebenzisa izikhokelo ezisemxholweni • Ukuchonga isingqi nesiingqisho • Ukucazulula amagama abe ngamalungu • Ukuvakalisa iimvakalelo ezivuselelwa ngumbongo Ukuziqhelisa ukufunda • Ukufunda ngokukhwaza ebiza amagama ngokufanelekileyo, ebonisa nesiingqi esifanelekileyo	Ukufundisa isikripthi Ukuyila avelise itekisi ebonwayo, umzekelo ipowusta okanye isaziso • Ukusebenzisa isakhiwo esichanekileyo • Ukukhetha ulwazi olufanelekileyo • Ukusebenzisa iimpawu zoyilo ezisisiseko, ezifana nombala kunye nobukhulu obahlukeneyo okanye iintlobo zeefonti Ukubhala izivakalisi • Ukubhala izivakalisi- • Ukusebenzisa isigama esifanelekileyo • Ukusebenzisa ulwazi lwamalungu amagama ukwakha amagama amatsha Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe • Ukusebenzisa imizobo okanye izivakalisi ebonisa intsingiselo ngamagama okanye iingcaciso ezithile	Ukusebenza ngamagama • Ukusebenzisa amagama aqala ngoonobumba abathile Ukusebenza ngezivakalisi • Ukuqonda nokusebenzisa isinye nesininzi (umz. iphepha - amaphepha) • Ukwakhela kulwazi lwakhe lokusetyenziswa kwezichazi • Ukusebenzisa imo emfutshane nemo ende yezenzi kwixesha langoku nelidlulileyo, umzekelo, ubetha, uyambetha, ubethe, umbethile • Ukusebenzisa amagama athathwe kwiitekisi ezifundwa notitshala okanye azifundela yedwa

IBANGA 4 IKOTA 3				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 29 -30	Ukuthatha inxaxheba kwincoko emalunga nesihloko asiqhelileyo (umzekelo, Imozulu) Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukubuza imibuzo efanelekileyo nokuphendula imibuzo • Ukugcina incoko iqhuba • Ukuvakalisa izimvo zakhe • Ukuhlonipha izimvo zabanye • Ukukhuthaza abanye abafundi ukuba bathethe ulwimi olongezelelweyo Ukwenza imidlalo yolinganiso elula • Ukusebenzisa umxholo nolwimi olufanelekileyo • Ukusebenzisa intetho ngqo ngokufanelekileyo • Ukwakha umxholo webali ofanelekileyo • Ukusebenzisa ilizwi, iintshukumo zomzimba nezijekulo ukudlulisa intsingiselo • Ukubiza amagama ngokuvakalayo nangokuchanekileyo	Ukufunda umdlalo wolinganiso Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda: ukuqikelela ngokujonga isihloko • Ukusebenzisa iindlela zokufunda • Ukunika umxholo webali • Ukuxoxa malunga nabalinganiswa kunye nentshukumo • Ukuvakalisa iimvakalelo ezivuselelwa libali • Ukuxoxa ngeempawu zetekisi ngakumbi iimpawu zokubhala nesakhiwo Ukwenza umsebenzi wovavanyo lokuqonda osekelwe kwiitekisi (yomlomo okanye ebhaliweyo) Ukuziqhelisa ukufunda • Ukufunda ekhwaza, ebiza amagama ngokufanelekileyo, ebonisa ukuyiqonda itekisi • Ukufunda ekhwaza ebiza amagama ngokufanelekileyo, efunda ngesantya nokukhwaza okufanelekileyo Ukuthetha ngeetekisi azifundele eyedwa/ abazifunde bengababini • Ukunika ingxelo yencwadi enikwa ngomlomo, enomxholo nesakhiwo esifanelekileyo • Ukunika uluvo lwakhe	Ukubhala ingxoxo yababini emfutshane, esebenzisa indlela yokubhala engekho sesikweni (kwisakhelo) • Ukunika abalinganiswa abafanelekileyo • Ukukhulisa incoko nentshukumo ngokufanelekileyo • Ukusebenzisa intetho ngqo • Ukusebenzisa uphawulo-ntetho olufanelekileyo, umzekelo, ikholoni, uphawu lokhuzo nolombuzo • Ukusebenzisa inkqubo yokubhala, efumana inkxaso • Ukuqokelela izimvo njengoko zisisa, esebenzisa imephu yengqondo • Ukubhala idrafti yokuqala • Ukufumana ingxelo aze ahlaziye umsebenzi wakhe • Ukulungisa iziphene • Ukubhala idrafti yokugqibela • Ukunika idrafti yokugqibela ecocekileyo, necacileyo, eyahlula-hlulwe ngokufanelekileyo Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe • Ukubhala izivakalisi ebonisa intsingiselo ngamagama okanye iingcaciso ezithile	Ukusebenza ngamagama • Ukusebenzisa isichazi-magama ukukhangela indlela yokupela neentsingiselo zamagama • Ukwakhela kulwazi lwakhe lwezandi ukupela amagama, umzekelo ukwakha amagama azalana ngokwemvakalo okanye ngokwembonakalo Ukusebenza ngezivakalisi • Ukuqalisa ukusebenzisa amanani amazwi nangokweendawo zawo, umzekelo, nye, bini, njalo njalo kunye nokuthi yokuqala, yesibini, yokugqibela, njalo njalo. • Ukusebenzisa iindidi ezahlukeneyo zezichazi, kuquka ezo zinxulumene namaqondo obushushu • Ukusebenzisa iindidi ezahlukeneyo zezichazi, kuquka ezo zinxulumene nobudala Isigama kwimeko ethile • Ukusebenzisa amagama athathwe kwiitekisi ezifundwa notitshala okanye azifundela yedwa

IBANGA 6 IKOTA 4				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 31-32	Ukuphulaphula ibali (Khetha kumabali aziwayo asekelwe kwinyani/amabali emveli/ukubalisa ngokukwehleleyo/awokulinga izinto/ahlekisayo/angamaphupha/obomi benyani/embali). Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukubuza imibuzo efanelekileyo nokuphendula imibuzo • Ukuphendula imibuzo elula nokuqala ukusebenzisa imibuzo enzima nangakumbi, umzekelo, Kutheni ingenakwenzeka . . . ?; Yintoni . . . ? Ucinga ukuba kwenzeka njani . . . ? Ukuziqhelisa ukuphulaphulela nokuthethela ukwandisa ulwazi (khetha into eza kwenziwa yonke imihla) • Ukwenza umbongo • Ukudlala umdlalo wolwimi • Ukunika alandele imiyalelo/izalathiso • Ukuxoxa malunga nesihloko	Ukufunda ibali Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda: ukuqikelela ngokujonga isihloko sencwadi nemifanekiso • Ukusebenzisa iindlela zokufunda: ukusebenzisa izikhokelo ezisemxholweni, ukufumana intsingiselo yamagama amatsha • Ukuxoxa malunga nesimo sentlalo nabalinganiswa • Ukuxoxa malunga nolandelelwano lweziganeko, ukuphendula imibuzo malunga nento eyenzeke kuqala, eye yalandela, njalo njalo • Ukuphendula imibuzo elula nokuqala ukusebenzisa imibuzo enzima nangakumbi, umzekelo, Kutheni ingenakwenzeka . . . ? Yintoni . . . ? Ucinga ukuba kwenzeka njani . . . ?	Ukubhala ibali/umhlathi olula • Ukusebenzisa isakhiwo seballi njengesakhelo • Ukusebenzisa ulwimi ngendlela ebonisa ukusebenzisa ingqikelelo, ngakumbi uluhlu lwesigama • Ukudibanisa izivakalisi zibe ngumhlathi ondindeneyo esebenzisa izimelabizo, izihlanganisi neempawu zokubhala ezifanelekileyo • Ukusebenzisa igrama, upelo neempawu zokubhala ezifanelekileyo • Ukusebenzisa ixesha elifanelekileyo lezenzi engalixubi • Ukusebenzisa isichazi-magama ukukhangela indlela yokupela neentsingiselo zamagama Ukusebenzisa inkqubo yokubhala, efumana inkxaso • Ukuqokelela izimvo njengoko zisisa, elungiselela ukubhala • Ukubhala idrafti yokuqala • Ukuhlaziya akubhalileyo • Ukuhlela akubhalileyo • Ukubhala idrafti yokugqibela • Ukunika idrafti yokugqibela ecocekileyo necacileyo Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe • Ukubhala izivakalisi ebonisa intsingiselo ngamagama okanye iingcaciso ezithile	Ukusebenza ngamagama • Ukupela amagama awaqhelileyo ngokuchanekileyo, esebenzisa isichazi-magama azakhele sona • Ukwakhela kulwazi lwakhe lwamagama abonwa rhoqo kwiitekisi kunye namagama asetyenziswa rhoqo entethweni Ukusebenza ngezivakalisi • Ukuqonda nokusebenzisa isinye nesininzi (umz. iphepha - amaphepha) • Ukwakhela kulwazi lwakhe lokusetyenziswa kwezalathisi/izimelabizo zokwalatha (umz. le, leyo, leya, ezi) • Ukwakhela kulwazi lwakhe lokusetyenziswa kwezichazi • Ukusebenzisa isihlomelo sexesha (umzekelo, ngomso, izolo) • Ukuqala ukusebenzisa izihlomelo zendawo (ngasekhaya), zexesha (ngoLwesine, ngesidlo sasemini), zobunjani (kakhulu) Isigama kwimeko ethile • Ukusebenzisa amagama athathwe kwiitekisi ezifundwa notitshala okanye azifundela yedwa • Ukusebenzisa izichasi (amagama aneentsingiselo ezichaseneyo, umzekelo, phantsi/phezulu)

IBANGA 6 IKOTA 4				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 31-32		Ukwenza umsebenzi wovavanyo lokuqonda osekelwe kwitekisi (yomlomo okanye ebhaliweyo) Ukufunda iileta zobuhlobo ezilula (esenzezela ukwandisa ulwazi) • Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda: ukuqikelela okusekelwe ekukrwaquleni itekisi • Ukusebenzisa iindlela zokufunda: ukusebenzisa izikhokelo ezisemxholweni, ukufumana intsingiselo yamagama amatsha • Ukuxoxa malunga nombala ophambili kunye neenkukacha ezithile • Ukuxoxa malunga nenjongo yeleta • Ukuxoxa malunga nesakhiwo seleta Ukuziqhelisa ukufunda • Ukufunda ngokukhwaza ebiza amagama ngokufanelekileyo, ebonisa ukuwaqonda • Ukufunda ekhwaza ebiza amagama ngokufanelekileyo, efunda ngesantya nokukhwaza okufanelekileyo		

IBANGA 6 IKOTA 4				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 33-34	Ukuphulaphula nokuxoxa malunga nentetho • Ukuxoxa malunga nombala ophambili kunye neenkukacha ezithile • Ukubhala iinkukacha ezithile kwitshathi okanye imephu yengqondo Ukuziqhelisa ukuphulaphulela nokuthethela ukwandisa ulwazi (khethe into eza kwenziwa yonke imihla) • Ukwenza umbongo • Ukudlala umdlalo wolwimi • Ukunika alandele imiyalelo/izalathiso • Ukuxoxa malunga nesihloko	Ukufunda itekisi enika ulwazi Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda: ukuxoxa ngesihloko ajonge nemifanekiso • Ukuqaphela indima edlalwa yimifanekiso neefoto ekwakheni intsingiselo • Ukuphendula imibuzo malunga netekisi • Ukushwankathela umhlathi, efumana inkxaso Ukwenza umsebenzi wovavanyo lokuqonda osekwe kwitekisi (yomlomo okanye ebhaliweyo) Ukuziqhelisa ukufunda • Ukufunda ngokukhwaza ebiza amagama ngokufanelekileyo, ebonisa ukuqhabalaka Ukuthetha ngeetekisi azifunde eyedwa/ abazifunde bengababini • Ukuvakalisa impendulo ebonisa uvakalelo malunga neetekisi azifundileyo • Ukuthelekisa itekisi namava akhe obomi	Ukufunda tekisi enika ulwazi enezinto ezibonakalayo, umzekelo, iitshathi/ iitheyibhile/imizobo/ izazobe zokucinga/ iimephu/ imifanekiso/iigrafu ukubhala itekisi • Ukubhala imihlathi emibini ukuya kwemithathu • Ukupela nokuphawula intetho ngokuchanekileyo Ukubhala iitekisi enika ulwazi olubonakalayo • Ukwenza imephu yengqondo (<i>mind map</i>) esishwankathela itekisi emfutshane, efumana inkxaso • Ukubhala izinto ezilungileyo nezingalunganga kwitheyibhile • Ukusebenzisa isichazi-magama ukukhangela indlela yokupela neentsingiselo zamagama Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe • Ukubhala izivakalisi ebonisa intsingiselo ngamagama okanye iingcaciso ezithile	Ukusebenza ngamagama • Ukusebenzisa isichazi-magama ukukhangela indlela yokupela neentsingiselo zamagama • Ukusebenzisa ulwazi lokulandelelana kwealfabhethi nonobumba wokuqala wegama xa ekhangela amagama kwisichazi-magama. Ukusebenza ngezivakalisi • Ukuqalisa ukuqonda ukuba isilandulo silandelwa sisibizo esingenaceba (umzekelo, andifuni manzi) • Ukusebenzisa isimnini (umzekelo, yam, yakho, yethu, yakhe, yazo, yawo) • Ukwakhela kulwazi lwakhe lokuqonda nokusebenzisa izenzi ezikwixesha langoku kwimo emfutshane • Ukusebenzisa izihlanganisi ukubonisa ukongeza (yaye, kwaza) kunye nolandelelwano (emva koko, phambi koko) • Ukucazulula izivakalisi ezilula ekhupha intloko, isenzi, injongosenzi, umzekelo, "UBongi/ ufunda/incwadi yakhe" • Ukuqonda nokusebenzisa ingxelo-ntetho • Ukusebenzisa amatyala obalulo (umzekelo, 'Igolide, eyembiwa eRhawutini, yimveliso ebalulekileyo.')

IBANGA 6 IKOTA 4				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 33-34				- Ukusebenzisa iziphumlisi (iikhoma) ukwahlula izibizo ezidwelisiweyo - Ukusebenzisa iimpawu zocaphulo xa kubhalwa intetho-ngqo Isigama kwimeko ethile - Ukusebenzisa amagama athathwe kwiitekisi ezifundwa notitshala okanye azifundela yedwa
Iveki 35-36	Ukuphulaphula ibali (Khetha kuncwadi/ amabali emveli/ukubalisa ngokukwehleleyo/ awokulinga izinto/ ahlekisayo/ angamaphupha/obomi benyani/embali) Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala - Ukubuza imibuzo efanelekileyo nokuphendula imibuzo - Ukushwankathela ibali - Ukuphendula imibuzo elula nokuqala ukusebenzisa imibuzo enzima nangakumbi, umzekelo, Kutheni ingenakwenzeka . . . ?; Yintoni . . . ? Ucinga ukuba kwenzeke njani . . . ? - Ukunika uluvo lwakhe, enika isizathu salo, umzekelo, kwimiba yendlela yokuziphatha ngokwamkelekileyo, eyentlalo nemiba ebalulekileyo esebalini, elumela ngolunye ulwimi apho kuyimfuneko - Ukusebenzisa amaxesha ezenzi awafunde kumabanga adlulileyo, umzekelo imo emfutshane yexesha elidlulileyo nexesha elizayo	Ukufunda ibali Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala - Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda: ukuqikelela ngokujonga isihloko sencwadi nemifanekiso - Ukusebenzisa iindlela zokufunda: ukusebenzisa izikhokelo ezisemxholweni, ukufumana intsingiselo yamagama amatsha - Ukuxoxa malunga nomxholo, nesimo sentlalo nabalinganiswa - Ukuxoxa malunga nolandeletlwano lweziganeko, ukuphendula imibuzo malunga nento eyenzeke kuqala, eye yalandela, njalo njalo - Ukuphendula imibuzo elula nokuqala ukusebenzisa imibuzo enzima nangakumbi, umzekelo, Kutheni ingenakwenzeka . . . ? Yintoni . . . ? Ucinga ukuba kwenzeke njani . . . ? - Ukuvakalisa acacise izimvo zakhe	Ukubhala uphononongo lwencwadi - Ukusebenzisa umxholo nesakhiwo esifanelekileyo - Ukuvakalisa acacise izimvo zakhe - Ukuquka isihloko sencwadi, abadlali nesishwankathelo Ukubhala ileta yobuhlobo - Ukukhetha umxholo ofanelekileyo - Ukusebenzisa isakhelo, xa sifuneka kuphela - Ukuthetha ngomyalezo ngokuchanekileyo - Ukubeka ulwazi ngokulandelelana okufanelekileyo - Ukubhala igama lakhe ekupheleni - Ukusebenzisa uhlobo olungekho sesikweni lokubhala olufanele injongo	Ukusebenza ngamagama - Ukusebenzisa isichazi-magama ukukhangela indlela yokupela neentsingiselo zamagama - Amagama ahambelanayo ngokwentsingiselo, umzekelo, iqweqwe nephepha ngamagama athetha nge"ncwadi" Ukusebenza ngezivakalisi - Ukusebenzisa iindlela zokubuza, umzekelo, ngubani, yintoni, nini, yiphi, njani, ngoba - Ukukhulisa ukusebenzisa izihlanganisi ebonisa isizathu nenjongo - Ukuqalisa ukusebenzisa izihlanganisi ukubonisa ukukhetha (i. . . okanye i. . .) - Ukusebenzisa ixesha elizayo (umzekelo, 'Ndiza kumbona ngomso. ' 'Ndiza kugoduka kule veki izayo.') - Ukwakhela kulwazi lwakhe lokuqonda nokusebenzisa izenzi ezikwimo ende yexesha langoku

IBANGA 6 IKOTA 4				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 35-36	Ukuphulaphula umbongo/imibongo Itekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukukhumbula umba ophambili • Ukuxoxa ngomba ophambili • Ukuthelekisa namava akhe • Ukuxoxa malunga nesingqi, imvano-siqalo kunye nemfanozandi (amagama anezandi ezifanayo) • Ukuchonga nokuxoxa malunga nothelekiso (umzekelo, isifaniso) • Ukuvakalisa iimvakalelo ezivuselelwa ngumbongo • Ukudlala ingoma/ imiqolo ethile	Ukwenza umsebenzi wovavanyo lokuqonda osekelwe kwitekisi (yomlomo okanye ebhaliweyo) Ukufunda imibongo • Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda: ukuqikelela ngokujonga isihloko sencwadi nemifanekiso • Ukusebenzisa iindlela zokufunda, umzekelo, ukuqikelela, izikhokelo ezisemxholweni • Ukuphendula imibuzo malunga nombongo • Ukuvakalisa iimvakalelo ezivuselelwa ngumbongo • Ukuxoxa ngesingqi nemfanozandi • Ukuxoxa ngothelekiso olwenziwa embongweni (izifaniso)	Ukusebenzisa inkqubo yokubhala • Ukuqokelela izimvo njengoko zisisa, elungiselela ukubhala • Ukubhala idrafti yokuqala • Ukuhlaziya akubhalileyo • Ukuhlela akubhalileyo • Ukubhala idrafti yokugqibela • Ukunika idrafti yokugqibela ecocekileyo necacileyo • Ukusebenzisa isichazi-magama ukukhangela indlela yokupela neentsingiselo zamagama	Isigama kwimeko ethile • Ukusebenzisa amagama athathwe kwiitekisi ezifundwa notitshala okanye azifundela yedwa
	Ukuziqhelisa ukuphulaphula nokuthetha (khetha into eza kwenziwa yonke imihla) • Ukwenza umbongo • Ukudlala umdlalo wolwimi • Ukunika alandele imiyalelo/ izalathiso • Ukuxoxa malunga nesihloko • Ukubalisa malunga neziganeko ezimehleleyo okanye amava akhe ngendlela elandelelana ngokufanelekileyo, ephendula imibuzo malunga nokuba kuqale kwenzeka ntoni, kwaza kwalandela ntoni, yayintoni elandela emva koko	Ukuziqhelisa ukufunda • Ukufunda ngokukhwaza ebiza amagama ngokufanelekileyo, ebonisa ukuwaqonda • Ukufunda ekhwaza ebiza amagama ngokufanelekileyo, efunda ngesantya nokukhwaza okufanelekileyo Ukuthetha ngeetekisi azifundele eyedwa/ abazifunde bengababini • Ukwenza uphononongo lwencwadi olulandela isakhiwo esithile ebonisa ukuthetha kakuhle ngomlomo	Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe • Ukubhala izivakalisi ebonisa intsingiselo ngamagama okanye iingcaciso ezithile	

IBANGA 6 IKOTA 4				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 37-38	Ukuthatha inxaxheba kwincoko emalunga nesihloko esiqhelekileyo (umzekelo, Umntu ongumzekelo omhle wam/oliqhawe lam) • Ukubuza nokuphendula imibuzo • Ukuhlonipha abanye abafundi • Ukuphulaphula abanye nokubakhuthaza ukuba bathethe Ukuthatha inxaxheba kwingxoxo • Ukuqikelela nokuchaza izinto ezinokwenzeka • Ukusebenzisa uhlobo lokuqondisa • Ukunika amathuba umntu ancokola naye • Ukuhlonipha izimvo zabanye • Ukukhuthaza abanye ukuba abathethe Ukuziqhelisa ukuphulaphula nokuthetha (khetha into eza kwenziwa yonke imihla) • Ukwenza umbongo • Ukudlala umdlalo wolwimi • Ukunika alandelelwa imiyalelo/ • izalathiso • Ukuxoxa malunga nesihloko	Ukufunda iitekisi zemidiya, umzekelo, inqaku lemagazini/ingxelo yeendaba Iitekisi ekhutshwe kwincwadi emiselweyo yolwimi okanye uVimba kaTitshala • Ukwenza umsebenzi waphambi wokufunda: ukuqikelela ukuba iitekisi imalunga nantoni ngokuyiphonononga • Ukusebenzisa uluhlu lweendlela zokufunda, umzekelo, ukukrwaqula iitekisi, ukubalekisa amehlo kwitekisi • Ukuphendula imibuzo • Ukuxoxa malunga nombala ophambili kunye neenkukacha ezithile • Ukuxoxa malunga nokuma kunye noyilo lwetekisi • Ukuthelekisa ukuma noyilo kuthelekiswa noko kwephephandaba Ukwenza umsebenzi wovavanyo lokuqonda osekulwe kwitekisi (yomlomo okanye ebhaliweyo) Ukuziqhelisa ukufunda • Ukufunda ngokukhwaza ebiza amagama ngokufanelekileyo, ebonisa ukuqhabalaka	Ukubhala umhlathi olula esebenzisa isakhelo • Ukufaka iinkukacha ezifanelekileyo • Ukufaka uluvo oluphambili olucacileyo • Ukubeka ulwazi ngokokulandelelana okufanelekileyo • Ukusebenzisa izihlanganisi alungelelanise imihlathi ngokufanelekileyo • Ukusebenzisa isakhiwo esichanekileyo • Ukusebenzisa igrama, isigama, upelo neempawu zokubhala ezifanelekileyo Ukwenza ipowusta esenzela ukwandisa ulwazi • Ukufaka iinkukacha ezifanelekileyo • Ukufaka umfanekiso • Ukusebenzisa isakhiwo esichanekileyo • Ukusebenzisa iimpawu zoyilo ezisisiseko, ezifana nombala kunye nobukhulu obahlukeneyo okanye iintlobo zeefonti • Ukunika idrafti yokugqibela ecocekileyo necacileyo Ukusebenzisa inkqubo yokubhala, efumana inkxaso • Ukubhala idrafti yokuqala • Ukuhlaziya akubhalileyo • Ukulungisa iziphene • Ukubhala idrafti yokugqibela • Ukunika idrafti yokugqibela ecocekileyo necacileyo	Ukusebenza ngamagama • Ukupela amagama awaqhelileyo ngokuchanekileyo, esebenzisa isichazi-magama azakhele sona • Ukusebenzisa ulwazi lokulandelelana kwealfabhethi nonobumba wokuqala wegama xa ekhangela amagama kwisichazi-magama. Ukusebenza ngezivakalisi • Ukusebenzisa isilabalabi u'kufuneka' ukubonisa into enyanzelekileyo • Ukuqalisa ukusebenzisa izihlanganisi ukubonisa umqathango • Ukusebenzisa uthlekiso (umzekelo, nangona, njenge-) • Ukusebenzisa uphawu lombuzo • Ukusebenzisa uphawu lokhuza Isigama kwimeko ethile • Ukusebenzisa amagama athathwe kwiitekisi ezifundwa notitshala okanye azifundela yedwa • Ukusebenzisa izibizo ezimbaxa, umzekelo, uyise + nini nanini > uSonininanini, amathe + ubunzima > uMathanzima

IBANGA 6 IKOTA 4				
Izakhono	Ukuphulaphula nokuthetha	Ukufunda nokubukela	Ukubhala nokunikezela	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
Iveki 37-38		Ukufunda nokuqonda itekisi yemidiya enemizobo, umzekelo, iipowusta nezibhengezo • Ukwenza umsebenzi waphambi kokufunda: ukuxoxa ngemifanekiso • Ukucacisa iinkcukacha • Ukuxoxa malunga nenjongo yetekisi • Ukuxoxa malunga nolwimi oluthile olusetyenzisiweyo • Ukuchonga axoxe ngeempawu zoyilo ezifana nombala kunye nobukhulu obahlukeneyo okanye iintlobo zeefonti • Ukuxoxa malunga nokuma kwetekisi • Ukuthelekisa iitekisi ezahlukeneyo, umzekelo, iipowusta nezibhengezo Ukuthetha ngeetekisi azifunde eyedwa/ abazifunde bengababini • Ukunika izimvo zakhe malunga neetekisi	Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe • Ukubhala izivakalisi ebonisa intsingiselo ngamagama okanye iingcaciso ezithile	
Iveki 39-40	UKUHLOLA OKUSESIKWENI			

ICANDELO LESI-4 UKUHLOLA

4.1 INTSHAYELELO

Ukuhlola yinkqubo eqhubekayo ecwangcisiweyo yokuchonga, ukuqokelela nokutolika ulwazi malunga nenkqubo yabafundi. Oku kubandakanya amanyathelo amane: ukuvelisa nokuqokelela ubungqina bokuphumelela komfundi; ukuphonononga ubungqina; ukurekhoda okufunyanisiweyo nokusebenzisa olo lwazi ukuqonda ukuze kuncendwe uphuhliso lwabafundi khon'ukuze kuphuculwe inkqubo yokufunda nokufundisa.

Ukuhlola kufanele kube ngokungekho sesikweni (Ukuhlola kokufunda) nokusesikweni (Ukuhlola kokufunda). Kwiimeko zombini kufanele ukuba abafundi banikwe ingxelo rhoqo ukukhulisa ukufunda.

Impumelelo yomfundi woLwimi Lwesibini Olongezelelweyo ixhomekeke kuhlolo olungekho sesikweni olwenzeka rhoqo nengxelo evela kutitshala njengokuba besebenza ngetekisi nemisebenzi. Isicwangciso sikatitshala sibeka phantsi umxholo ofunekayo, izakhono neendlela zokufundisa nokufunda apha enyakeni. Oku kokuza kuhlolwa kwizinga elinyukayo lokukhula (lwenkqubela phambili). Ayiyiyo yonke into ebifundisiwe mayihlolwe ngokusesikweni. Nakuba kunjalo kubalulekile ukuba inkqubela phambili yabafundi ihlolwe ngenkqubo yokuhlola esesikweni nengekho sesikweni kuba oku kususiseko sokuqonda izifundo.

Izakhono zabafundi zokumamela, ukukwazi ukuthetha, ukukwazi kwabo ukuphendula imibuzo, ukuthatha inxaxheba kwingxoxo nezakhono zokubhala apho kuyimfuneka kufuneka kuqwalaselwe imihla ngemihla.

Kukwabalulekile ukuba abafundi bahlolwe *ukuqonda oko bakufundileyo* hayi ulwazi lwabo lokuqonda amagama nokwahlula amagama ngokwezandi. Ukufunda nako makuhlolwe rhoqo kwaye ingabi kukuhlola okwenziwa ngelo xesha kuphela. Ukuhlola ukufunda ngoko ke makwenzeke rhoqo kungabi kuhlolo olwenzeka kube kanye. Ukuhlola ukufunda okusesikweni makugqale ekufundeni ngokuvakalayo nakwimisetyenzana ezakunceda ukuqonda ukuba umfundi uqonde kangakanani, umzekelo, ukuphinda abalise ibali okanye aphenhula imibuzo.

Ukuhlola umsebenzi obhalwayo uya kugqala okokuqala kulwazi lomfundi lokunika intsingiselo, nasekubhaleni ngendlela echanelekileyo, umzekelo, ukusebenzisa izakhi zolwimi, upelo neempawu zokubhala nokufunda/ iziphumlisi. Konke ukuhlola kufuneka kuqaphele ukuba ukufunda ulwimi yinkqubo ende kwaye abafundi abanakuze bavelise umsebenzi owenziwe ngendlela efanelekileyo xa beqala. Ngoko ke amanyathelo ahlukeneyo enkqubo yokubhala nawo mawafundiswe.

Xa kunikwa umsebenzi wokuhlola ngokusesikweni, kuya kubakho ugqaliso kwisakhono esithile, umzekelo, ukuPhulaphula nokuThetha okanye ukuFunda okanye ukuBhala. Naxa kunjalo, kuba ukufunda ulwimi kuyinkqubo enxulumeneyo, kuza kusetyenziswa izakhono ezingaphaya kwesinye. Izakhi zolwimi mazihlolwe kwimeko ethile. Makuqinisekiswa ukuba ukuhlola akwenziwa njengomsebenzi obhalwayo kuphela, kodwa ukwavumela umsebenzi owenziwayo nesincoko somlomo. Kubalulekile ukuhlola okuqondwa ngabafundi hayi abakukhumbula ngentloko, ngoko ke makuhlolwe izakhono kwimeko ethile kangangoko umz. abafundi bangapela onke amagama ngokuchanelekileyo kuvavanyo ngolweSihlanu, kodwa ingaba bayakwazi ukuwasebenzisa la magama enopelo oluchanelekileyo xa bebhala/barekhoda iindaba okanye ibali labo ?

Ukufundisa nokuhlola iilwimi makunike ithuba lokuquka bonke abafundi, kufunyanwe neendlela zokubanceda bonke ukufumana okanye ukuvelisa iitekisi zolwimi. Abanye abafundi abeneengxaki zokufunda bangangabi nakho ukufumana ezinye iinjongo njengoko zibekiwe kwiNkcazelo Yepolisi Yekharithulam NokuHlola

4.2 UKUHLOLA OKUNGEKHO SESIKWENI OKANYE KWEMIHLA NGEMIHLA

Ukuhlola kokufunda kunenjongo yokuthi gqolo ukuqokelela ulwazi malunga nokusebenza komfundi khon'ukuze akwazi ukuphucula umsebenzi wakhe uthi xhaxhe kunoko enzile.

Ukuhlola okungekho sesikweni kusekelwe ekubekeni esweni inkqubela phambili yabafundi. Oku kwenziwa ngokubonisa, ngokuxoxa, ngokwenza imisebenzi yeparkhikhali, ngeenkomfa zabafundi nootitshala, ukufundisa eklasini, njalo njalo. Ukuhlola okungekho sesikweni kungathetha ukumana unqumamisa isifundo ukuqaphela abafundi okanye ukuxoxa nabafundi malunga nendlela ukufunda okuqhubeka ngayo. Ukuhlola okusesikweni kufanela kusetyenziswe ukunika ingxelo kubafundi nokuxhobisa kucwangciso lokufundisa kodwa akukho mfuneko yokuba oku kubhalwe phantsi. Makungabonwa oku njengokwahlukileyo koko kwaseklasini. Le misebenzi yokuhlola inokukorekiswa ngabafundi okanye ngutitshala.

Kucetyiswa ukuba uqale usebenzise ezi veki zimbini zokuqala zekota usenza ukuhlola okusisiseko kwabafundi. Oku kuhlola kufuneka ukwenze usebenzisa imisebenzi enikwe kwizicwangciso zokufundisa zeeveki ezimbini zokuqala. Le nto iza kukunceda ukuba uqonde ukuba abafundi bakho baza kufuna ukuba ugxile enini na.

Ukuzihlola nokuhlola umlingane wakho kubandakanya abafundi ekuhloleni. Oku kubaluleke kakhulu kuba kuvumela abafundi bakwazi ukufunda nokuqaphela indlela asebenza ngayo. Iziphumo zemisebenzi yokuhlola ngokungekho sesikweni yemihla ngemihla akurekhodwa ngokusesikweni ngaphandle kokuba utitshala ufuna ukwenza njalo. Kodwa ke ootitshala bangathanda ukuzigcinela iirekhodi zabo ezingekho sesikweni ezenzelwe ukujonga ukuba umfundi ngamnye uqhuba njani kwimiba ngemiba yesifundo nokwenzela ukucwangcisa nokuqiniseka ukuba abafundi bakhuliswa kwizakhono nokuqonda okufanelekileyo. Iziphumo zemisebenzi yokuhlola kwemihla ngemihla azithathelwa ngqalelo ekunyuselweni nasekukhutshelweni isatifikethi.

4.3 UKUHLOLA OKUSESIKWENI

4.3.1 Iimfuno zokuHlola okuseSikweni kuLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo

Yonke imisebenzi yokuhlola eyenza inkqubo yokuHlola eseSikweni yonyaka ithathwa njengoHlolo oluseSikweni. Imisebenzi yokuhlola esesikweni iyamakishwa ize *irekhodwe ngokusesikweni* ngutitshala elungiselela ukuqhubela phambili abafundi. Yonke imisebenzi yokuHlola ngokusesikweni kufaneleke ukuba iphononongwe ngenjongo yokuqinisekisa ukuba isemgangatho kunye nokugcinwa kwemigangatho echanekileyo.

Ukuhlola okusesikweni kunika ootitshala indlela eyondeleleneyo yokuphonononga inkqubela phambili yabafundi kwibanga ngakumbi kwisifundo esithile. Imizekelo yokuhlola ngokusesikweni iquka uvavanyo, iimviwo, imisebenzi yeparkhikhali, iiprojekthi, imisebenzi ye-orali, imiboniso (enje ngokubalisa ibali, ukutshatisa izinto), ukulinganisa, izincoko, ukuthatha inxaxheba kwimisebenzi yezincoko zomlomo (njengencoko yababini, iincoko, iingxoxo), imisebenzi ebhaliweyo (njengokugcwalisa uxwebu lokusebenzela, ukubhala imihlati okanye ezinye iindidi zeetekisi), njalo-njalo.

Injongo yokuyila iNkqubo yokuHlola kukuqinisekisa ukuba inkqubo yokuhlola ihlola oko ifanele ukuba ikuhlole, iziphumo azinakuguquguquka ukuba zisetyenzisiwe kwakhona, aludleleleli kwaye lwanele ngokuthi lunike isikhokelo esicacileyo kwiindidi zemisebenzi nepesenti enikwe isakhono ngasinye solwimi esikumsebenzi wokuhlola. Ikwabonisa ugqaliso lokuhlola, oko kukuthi indlela imisebenzi yokuhlola mayenziwe ngayo.

Xa uhlola ngokusesikweni, sebenzisa iimemoranda, iirubriki, iitshekilisti kwakunye nezinye izixhobo ezifanelekileyo zokuqwalasela ukuhlola nokurekhodisha umgangatho wabafundi wokuqonda nezakhono. Khetha isixhobo esifanele umsebenzana lowo, umzekelo, iirubriki ilungele ukuhlola umhlati kunememorandum. Imemorandum ilungele upelo

okanye isicatshulwa.

Iimfuno zokuhlola okusesikweni kuLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo zezilandelayo:

- Imisebenzi yokuhlola okusesikweni makube igqibekile kwikota yesine, yenze imisebenzi emi-5 ngonyaka. Le misebenzi mihlanu yokuhlola olusesikweni yenza i-75% yamanqaku ephela kuLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo kwibanga lesi-4, elesi-5 nelesi-6. Eli nqaku lisesikweni liza kufakela uvavanyo lwaphakathi enyakeni, xa lunikiwe.
- Umsebenzi wokuqala wokuhlola okusesikweni kwikota nganye mawenziwe phakathi naphakathi kwikota. Uvavanyo lwaphakathi enyakeni kwiKota yesi-2 malwenziwe ekupheleni kwikota.
- Kuza kuba kho uvavanyo ekupheleni konyaka oluza kubalelwa i-25% yamanqaku.
- Umsebenzi ngamnye wokuhlola okusesikweni mawenziwe yimisetyenzana, ukuphulaphula nokuthetha, ukufunda, ukubhala nezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi, wenziwe ngeentsuku ezithile. Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi makuhlolwe ngokomxholo.
- Imisebenzi yokuhlola okusesikweni mayihlole zonke iinkalo zezakhono zolwimi ukuze eziphambili zihlolwe kwikota nasenyakeni. Qinisekisa ukuba ezi nkalo zihlolwe ngokungekho sesikweni kwanikwa neempendulo kumfundi phambi kokuba bahlolwe ngokusesikweni.
- Konke ukuhlola kwisiGaba esiPhakathi lwenziwa ngaphakathi.

Iindidi zokuhlola ezisetyenzisiweyo mazilungele iminyaka nomgangatho wokukhula komfundi. Le misebenzi mayi iquke umxholo wesifundo nemisetyenzana eyahlukileyo elungiselelwe ukufezekisa iinjongo zesifundo.

Imisebenzi yokuhlola okusesikweni

Umsebenzi ngamnye wokuhlola okusesikweni mawuquke iinkalo nomlinganiselo olandelayo. Mayisekelwe kulwazi nezakhono ezenziweyo kulo kota. Imizekelo enikiweyo ngezantsi yeyokubonisa indlela imisetyenzana mayenziwe ngayo. Sebenzisa iiplani zekota kwisigaba ngasinye ukukhetha imisetyenzana nezakhono ezifunekayo kwisahluko ngasinye somsebenzi wokuhlola okusesikweni. Iimfuneko zengqokelela yomsebenzi zinikwe ngokwepesenti. Apho kuboniswa khona ama-30% kwisakhono solwimi, kuthetha ukuba ulwabiwo lokugqibela lwamanqaku eso sakhono malube ngama-30% yaxa ewonke, ingabi ngamanqaku angama-30. Izikolo azibekelwanga umda kwinani lamanqaku ezakhono zolwimi. Makuqwalaselwe umlinganiselo wesakhono ngasinye ngokwepesenti enikiweyo. Kwibanga lesi-4 uvavanyo lolwazi lolwimi lungasetelwa amanqaku ali-10 nangaphezulu, umlinganiselo wokugqibela ungadluli kumlinganiselo obekiweyo.

Xa kubhalwa amacandelo enkqubo yokuplana mawahlolwe kanye ngekota ubuncinane. Ubude beetekisi ezibhalwayo mabugcinwe ngohlobo oluboniswe ngalo kwicandelo lwesi-3. 4:

Ulwakhiwo lomsebenzi wokuhlola okusesikweni		Ibanga 4	Ibanga 5	Ibanga 6
Ukuphulaphula nokuthetha		40%	40%	40%
Ukuphulaphula	Umsetyenzana wokubonisa ukuba umfundi uphulaphule ngokuqonda, umzekelo, phulaphula ulandele izalathiso/phulaphula kwitekisi uphendule imibuzo eqondene nayo, ngomlomo okanye ngokubhala.	20%	20%	20%
Ukuthetha	Umsetyenzana wokubonisa ukuba umfundi uyakwazi ukuzichaza ngomlomo/ngokuthetha, umzekelo, ukuthabatha inxaxheba kwincoko yababini/ingxoxo/ngesihloko esithile okanye itekisi/ nika izalathiso okanye imiyalelo/yenza umbongo/ balisa	20%	20%	20%
OKANYE				
	Umsetyenzana omnye okanye emininzi edibanise ukuphulaphula nokuthetha ukbonakalisa ukuqonda nokuzichaza, umzekelo, phulaphula ubalise ibali/ phulaphula incoko uxoxe ngayo.	40%	40%	40%
Ukufunda		30%	30%	30%
Ukufunda ngokuvakalayo	Umsetyenzana wokubonisa ukuba umfundi uyakwazi ukufunda ngobuciko, umzekelo, funda ngokuvakalayo kwitekisi ayaziyo (ikota yoku-1 ukuya kweyes- 4)/funda ngokuvakalayo kwitekisi angayaziyo (ikota yesi-3 ukuya kweyes- 4). Makufakelwe nebuzo ukuqinisekisa ukuba umfundi ukuqondile oku ebekufunda.	10%	10%	10%
Isicatshulwa esifundwayo	Imisetyenzana nokuba mibini yokubonisa ukuqondwa kwentsingiselo yetekisi ngumfundi abonise nolwazi lwesimo setekisi, umzekelo, phendula imibuzo/balisa kwakhona ibali/qamba isiphelo/nika isishwankathelo/nika izimvo zakho/ chaza isimo setekisi. Iitekisi zingancitshiswa okanye zandiswe xa umfundi ezifundela. Lo msetyenzana mawufanele itekisi ekhethiweyo.	20%	20%	20%
Ukubhala		20%	20%	30%
Ubhalo loyilo/Ubhalo lokudlulisa ulwazi	Umsetyenzana omnye wokubonisa ukuba umfundi uyakwazi ukuzichaza ngobhalo loyilo, umzekelo, abhale itekisi yoyilo (nje- ngebali/umbongo) okanye icandelo layo okanye izivakalisi. Umsetyenzana mawubonise ukusetyenziswa kwezakhi zolwimi ngokomxholo.	10%	10%	10%

Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi		10%	10%	10%
Ukusetyenziswa kolwimi ngokusesikweni	Umsetyenzana okanye emininzi yokubonisa ukuba umfundi unolwazi lokwakhiwa kolwimi nokusetyenziswa kwalo, ukusebenzisa iimpawu zokubhala ngokufanelekileyo/upelo/ukusebenzisa izigaba zentetho ngokufanelekileyo.	10%	10%	10%
Ipesenti yomsebenzi ngamnye		100%	100%	100%

4. 4 INKQUBO YOKUHLOLA

Inkqubo yokuvavanya yakhelwe ukusasaza imisebenzi yokuhlola okusesikweni kuzo zonke izifundo zesikolo kwikota iphelele. Inkqubo yokuvavanya mayizotywe esikolweni ibonakalisa imihla yokwenziwa kwemisebenzi.

4. 4. 1 Amagqabantshintshi eemfuno

Le theyibhile ilandelayo inika amagqabantshintshi eemfuno zeNkqubo yokuHlola sekota nganye kuLwimi lwesiBini oloNgezelelweyo:

Itheyibhile 4. 1: Amabanga 4 – 6

	Ikota yoku- 1	Ikota yesi- 2		Ikota yesi- 3	Ikota yesi- 4	
Ibanga 4	umsebenzi wokuhlola okusesikweni 1	umsebenzi wokuhlola okusesikweni 2	umsebenzi wokuhlola okusesikweni 3/uviwo lwaphakathi enyakeni	umsebenzi wokuhlola okusesikweni 4	umsebenzi wokuhlola okusesikweni 5	uviwo lokuphela konyaka
Ibanga 5	umsebenzi wokuhlola okusesikweni 1	umsebenzi wokuhlola okusesikweni 2	umsebenzi wokuhlola okusesikweni 3/uviwo lwaphakathi enyakeni	umsebenzi wokuhlola okusesikweni 4	umsebenzi wokuhlola okusesikweni 5	Uviwo lokuphela konyaka
Ibanga 6	umsebenzi wokuhlola okusesikweni 1	umsebenzi wokuhlola okusesikweni 2	umsebenzi wokuhlola okusesikweni 3/uviwo lwaphakathi enyakeni	umsebenzi wokuhlola okusesikweni 4	umsebenzi wokuhlola okusesikweni 5	Uviwo lokuphela konyaka
okwenza amanqaku apheleleyo	Uvavanyo oluqhubekayo 75%					Uviwo lokuphela konyaka 25%

4. 4. 2 limviwo

Umxholo woviwo lokuphela konyaka maluthatyathwe kumsebenzi owenziweyo wonyaka, ube yingqokelela ekhethiweyo yezakhono nemisetyenzana eza kubonakalisa ukulungela komfundi ukuzibandakanya nomsebenzi wonyaka olandelayo.

Uviwo maluquke okulandelayo :

- Isicatshulwa esifundwayo kunye nomsebenzi wesigama
- Ukubhala itekisi emfutshane yoyilo, kunye nokusetyenziswa ngokufanelekileyo kwefomati, igrama, iimpawu zokubhala nopelo.
- Ukubhala itekisi emfutshane, kunye nokusetyenziswa ngokufanelekileyo kwefomati, igrama, iimpawu zokubhala nopelo.
- Ulwazi nokuqondwa kwegrama, iimpawu zokubhala nopelo.
- Izakhono zokuphulaphula nokuthetha azivavanywa kuviwo kuba zivavanywa kwixesha elide.

Umlinganiso wamanqaku oviwo :

	Ibanga 4	Ibanga 5	Ibanga 6
Isicatshulwa esifundwayo	60%	60%	50%
Ukubhala	25%	25%	35%
Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi	15%	15%	15%
Ipesenti yonke	100%	100%	100%

4. 5 UKUREKHODISHA NOKUNIKA INGXELO

Ukurekhoda yinkqubo apho utitshala abhala phantsi izinga lokusebenza lomfundi ngamnye kumsebenzi othile ohlolwayo. Kubonisa inkqubela-phambili yomfundi ekuzixhobiseni ngolwazi oluxeliweyo ngokweeNkcazelo zePolisi yeKharityhulam nokuHlola. Iirekhodi zomsebenzi womfundi kufanele zinike ubungqina ngenkqubela-phambili yomfundi ngokwebanga kunye nokulungela kwakhe ukuqhubela phambili xa epasile ukuya kwibanga elilandelayo. Iirekhodi zomsebenzi womfundi kufanele zisetyenziswe ukungqinisisa inkqubela-phambili eyenziwe ngootitshala nabafundi kwinkqubo yokufundisa nokufunda.

Ukukhupha iripoti okanye ingxelo yinkqubo yokwazisa abafundi, abazali babo, isikolo nabanye abathathi-nxaxheba malunga nendlela asebenza ngayo umfundi ezifundweni zakhe gabalala. Zininzi iindlela ezisetyenziswayo ukunika iripoti okanye ingxelo ngomsebenzi womfundi. Ziquka amakhadi eripoti okanye engxelo, ukubiza iintlanganiso nabazali, iintsuku zokutyelala esikolweni, iinkomfa zabazali nootitshala, ukufonela abazali, ukuthumela iileta kubazali, ukuthumela imbalelwano evela esikolweni okanye eklasini isiya kubazali, njalo njalo. Ootitshala kumabanga onke banika iripoti okanye ingxelo ngokweepesenti ngesifundo ngasinye. Amazinga ohlukileyo okusebenza kunye neepesenti ahambelana nazo adweliswe kwiTheyibhile engasezantsi.

likhowudi neepesenti zokurekhoda nokuripota (nokunika ingxelo ngomsebenzi)

IKHOWUDI	INKCAZELO NGENDLELA AQHUBE NGAYO KUMSEBENZI WAKHE UMFUNDI	IPESENTI
7	Uphumelele emagqabini	80 – 100
6	Uphumelele ngokugqwesileyo	70 – 79
5	Uphumelele ngoqaqambileyo	60 – 69
4	Uphumelele ngokwanelisayo	50 – 59
3	Uphumelele ngokufanelekileyo	40 – 49
2	Uphumelele ngokuyinxalenye	30 – 39
1	Akaphumelelanga	0 - 29

Ootitshala besifundo mabarekhode amanqaku achanekileyo kumsebenzi ngamnye ohlolwayo besebenzisa iphepha lokurekhoda elisemthethweni; banike iripoti ngokweepesenti zesifundo kwiripoti khadi yomfundi.

4. 6 UPHONONONGO LOKUHLOLA

Uphononongo okanye imodareyishini yinkqubo yokuqinisekisa ukuba imisebenzi ehlolwayo ichanekile, yamkelekile kwaye isemgangathweni ochanekileyo. Uphononongo lwenziwa esikolweni, esithilini, kwiphondo nakwandlunkulu. Zonke iinkqubo ezichanekileyo neziqingqiweyo zokuphonononga okanye zokumodareyitha kufuneka zimiliselwe ukungqinisisa yonke imisebenzi yesiXhosa ehlolwayo.

Abaphononongi ezikolweni mabanike inkcazo enobulunga ukuqinisekisa ukuba uhlolo ezikolweni lukwiqondo eliphezulu. Uphononongo malungabi kukujonga inani elililo lemisebenzi eyenziweyo okanye ukuba imemorandum isetyenziswe ngendlela eyiyiyo na. Kwiilimi oku kuthetha ukuba abaphononongi baza kunika inkcazo eyiyiyo kwimigangatho yemibuzo kuvavanyo lokuqonda, ubuninzi bokokubhala okwandisiweyo; ubulunga bezixhobo zokuhlola nezithuba ezinikiwayo zoveliso nokuzibandakanya kukatitshala neencwadi zabafundi nobungqina bomsebenzi womfundi.

Iinkqubo zophononongo maziqinisekise ukuba ukuthelekelela kwamaxabiso kunikwe ngokungaguquguqukiyo kuwo wonke amabanga esigaba. Umzekelo, ixabiso lesithathu elinikwe yenye ititshala kufuneka libonakalise umgangatho omnye wezakhono nolwazi olunikwe yenye ititshala. Kubalulekile ke ngoko ukuba lintloko Zezifundo mazenze uhlolo lwangaphakathi rhoqo.

4. 7 ULWAZI GABALALA

Olu xwebhu kufanele lusetyenziswe nalaa alandelayo:

4. 7. 1 [IProtokholi yeSizwe yokuHlola] isihlomelo kuxwebhu oluyipolisi, *isiQinisekiso (iSatifikethi) sikaZwelonke esiPhezulu: isiQinisekiso esikumgangatho wesi-4 kwiSakhelo sikaZwelonke sesiQinisekiso (i-NQF)*, malunga neProtokholi yeSizwe yokuHlola (kwiBanga R – 12).

4. 7. 2 Uxwebhu olungeeMfuno zokoNyuselwa nokuPasiswa kwabafundi kwiBanga R – 12.

ULUHLU LWENKCAZELO YAMAGAMA

Abantu abafumana ulwazi (abaphulaphuli, ababukeli) - aba ngabantu ekujoliswe kubo xa kunikezwa ulwazi oluthile; xa beza kuphulaphula okuthethwayo, babuke okukwiscatshulwa ke ngoko, ababhali kufuneka basoloko becinga ngenjongo kwanabantu abamkela ulwazi abaza kufunda, babuke ezo zinxibelelanisi

litherasi - apha kubhekiswa kwiindidi ngeendidi zelitherasi (umz. ukukwazi ukubona uqonde izinto ozibona ngeliso lenyama, imizobo, ukubala, kunye nokulandela izinto ezinxulumene norhwebo).

lindlela ngeendlela zokusebenzisa ulwimi - ezi ndlela ngeendlela zibakho xa kukho ukulungelelaniswa okukhoyo kwisigama, kwiimo zezivakalisi namagama kunye nendlela igama elibizwa ngayo; oku ke kuyahluka kwingingqi nengingqi/kwisizwana nesizwana.

litekisi ezibonwayo neziviwayo- iindlela ezinxulumeneyo zokunxibelelana ezinokuquka iitekisi ezibhaliweyo, ezibonwayo, isandi, ividiyo, njl njl

Ijenra(genre)-iintlobo iitekise ezihlanganiswe ngayo, umz. Inoveli, umdlalo, isihobe, ileta yoburhulumente, ileta yobuhlobo

litekisi ezimfutshane- umz. ileta, imizuzu yentlanganiso, iingxelo, iifeksi

Ilitherasi - ilitherasi lulwazi lokufunda nokubhala, ukwazi ukusebenzisa amanani, ulwazi lwekhompyutha, ukuqonda indlela izixhobo ezibonwa ngeliso lenyama ezisetyenziswa ngayo njalo-njalo; eli gama lisenokusetyenziselwa ukubonisa ukukwazi ukulungisa nokusebenzisa ulwazi oluthile, kwanokubhalela iinjongo ezahlukeneyo, kukwabonakalisa ukukwazi ukuvumbulula iintsingiselo

Imbali - kubhekiswa kwibali elibaliswa ngomlomo okanye elibhaliweyo, elinezimvo ezilandelelana kakuhle ngokwendlela iziganeko ezenzeke ngayo

Imephu yengqondo –ukubonisa isihloko apho amagama angundoqo neengcinga zicwangciswe khona ngokuzotywa

Imfano-zandi –amagama anezandi eziphindaphindayo

Imibuzo ekwiqondo eliphezulu- abafundi baqokelela ulwazi kwiziqendu ezahlukeyo zetekisi (ukubumba amagama adityanisiweyo), ukuthalekelela (ukufunda phakathi kwemigca), ukunika ubukhulu bokwenzekayo (nika uluvo) nokuxabisa itekisi (ukuchaza ukuba uyithandile okanye hayi nesizathu)

Imibuzo ekwiqondo elisezantsi- yimibuzo apho abafundi bakhumbula izinto ezenzekileyo, umz. Bangobani abalinganiswa abaphambili ebalini? igama lomlinganiswa ophambili ngubani? Ebefunda phi?

Imibuzo evalekileyo-yimibuzo efuna impendulo enye, umz. 'Ewe' okanye 'hayi'

Imibuzo evulekileyo- imibuzo enokuphendulwa ngeendlela ezahlukeyo; umfundi makaphendule imibuzo esebenzisa amagama aphuma kuye. Umz. Ucinga ukuba inkwenkwe yayi baleka ntoni? Ucinga ukuba ebefanele kukwenza ntoni?

Impixano-ingxabano phakathi kwabalinganiswa ebalini

Impoxo - kusetyenziswa esi sagwelo kuthi kubekho ukuncoma okuphoxayo/yintetho eveza into echasene nale nto ubani ayithethayo; apha kuphoxiswa ngomntu (umz. xa usithi kumntu ofike mva kunani: 'Ndiva kakubi ukuba sifike

phambi kwakho'), ube wena umphoxela le nto efike emva kwexesha; sukube apha uphoxisa ngomntu.

Imvakalo-zwi-1. ipateni yokuphakama kwelizwi okanye isandi sokuthetha ukubonakalisa izakhiwo . zokusetyenziswa kolwimi njenge zivakalisi

2. Ikwabonisa umahluko phakathi kweentetho nemibuzo ibonakalise nemvakalelo yesithethi

Imvano-siphelo- amagama okanye imigca yesihobe ephela ngesandi esifanayo nonobumba

Ingxoxo- mpikiswano -kwingxoxo kuphikisana amaqela amabini. Lamaqela anenjongo yokuqinisekisa kumgwebi nabaphulaphuli ukuba umbono wabo kwisihloko esinikiweyo unentsingiselo nokusabeleka ngaphezu kowelinye iqela eliphikisayo.

Inkqubo yolongezelelo lweelwimi ezininzi (*additive multilingualism*) - xa umntu efunda ulwimi (iilwimi) ukongeza kulwimi lwakhe lwasekhaya; oku akuthethi ukuba olu lwimi luthatha indawo yolwimi lwasekhaya, koko lufundwa kunye nalo.

Intsingiselo efihlakeleyo. umz. Amaqhalo nezaci, isikweko, isimntwiso, isifaniso

Intsingiselo yentsusa/eqhelekileyo - yile ntsingiselo icacileyo yegama kuloo meko likuyo. umz. Eli bhastile lam lihle; uthetha ngebhastile eli lihle liligungqu lokudlala, kanti xa intsingiselo ibifihlakele ngesithetha ngobuhle mhlawumbi bentombi.

. **Irejista/Ulwimi oluthethwa ngabantu abathile** - amagama asetyenziswa kwimiba neemeko ezahlukeneyo. Umz. amagama asetyenziswa ngumfundi xa ethetha nomnye umfundi ongumhlobo wakhe ahlukile kumagama awasebenzisa xa ethetha notitshala amhloniphileyo. La ngamagama, okanye isimbo, igruma okanye indlela ubani alinyusa ngayo ilizwi; la magama asetyenziswa ngabantu abathile, okanye ababhali abathile kwiimo okanye iimeko ezahlukeneyo, umz: - xa kubhalwa ileta yobuhlobo okanye yasebuRhulumenteni, ulwimi olusetyenziswayo alufani; kanti naxa uthetha nomntu omdala kunawe, awusebenzisi lwimi lunye njengaxa uthetha nontanga wakho.

Isakhiwo sebali - esi sisicwangciso somsebenzi woncwadi ngakumbi kwiidrama neenoveli; isakhiwo sebali sibandakanya indlela le ilula yokulandelelana kweziganeko, ebonisa uzalwano phakathi kweziganeko, kubonakale futhi ukuba le into yenzeka ngenxa yaleya.

Isifanadumo -kukusebenzisa amagama ukwenza izandi ezizichazayo (umz. Ukuchaphaza kwemvula)

Isifaniso - kuxa ufanisa into ethile nenye; apha kusetyenziswa amagama afana noo “njenge-”, “nqwa ne-”, “oku kwe”, umz. Uhambisa oku kukanina.

Isikweko - sisafobe apho kuthi kusetyenziswe enye into xa kuchazwa enye into, oko kusenziwa kuba ezo zinto zineempawu ezifanayo, umz. UThemba lo yinyoka (kuba enobungozi njengenyoka).

Isimbo – indlela ecacileyo neyodwa umbhali acwangcisa amagama ngayo ukufumana ifuthe elithile. Isimbo sidibanisa kakhulu ingcinga echazwayo nobubodwa bombhali. Ezi zicwangciso ziquka ukhetho lwamagama olulodwa nemiba yobude nesakhiwo sezivakalisi, ithoni nokusebenzisa ukugqibela

Isimntwiso - sisafobe esithi sifanise into engemntu siyifanisa nomntu; kuxa kuthathwe iimpawu zomntu zanikwa izinto ezingengobantu, umz. Tywala ungumlahlekisi (utywala apha benziwe baneempawu zobuntu kwathiwa buyalahlekisa).

Isingqisho – ipateni eqhelekileyo ephindaphindayo yesandi

Isithetha-ntonye/isifanokuthi - ngamagama athetha into enye umz. ukurhala/ukubawa, umtshakazi/umakoti.

Itekisi- intetha okanye uyilo ngokubhala, ukuthetha okanye okubonwayo

Izijekulo- ukushukuma kobuso okanye umzimba ukubonisa intsingiselo(umz. Ukunqwala ngentloko ukubonisa ukuvuma)

Ithoni/imvakalo-zwi - apha kunokubhekiswa kuqala kwindlela ubani abiza ngayo igama; eli gama “ithoni” xa lisetyenziswe nzulu likwabhekisa kwindlela igama elithile elisetyenziswe nzulu ngayo kwisivakalisi; kwisicatshulwa ithoni yegama ibhekisa kwindlela igama elisetyenziswe ngayo kuloo mo, nentsingiselo eliyizisayo; kwifilim ithoni ingaphunyezwa ngohlobo lomculo odlalwayo, kungenjalo imo-ntlalo.

Izicatshulwa ezinobunyaniso – izicatshulwa ezisetyenziswa kwihlabathi (amanqaku amaphepha-ndaba

Izichasi-amagama ahasanayo

Udliwano-ndlebe- umsebenzi wokuqokelela ulwazi okanye ingxoxo phakathi kwabantu ubuso ngobuso, kubhekiselwe kwinjongo ethile.

Uhlolo –yinkqubo ecwangcisiweyo eqhubekayo yokuqokelela ulwazi lomfundi ngeendlela ezahlukileyo.

Uhlolo oluqhubekayo-luhlolo lwemisebenzi enziwayo unyaka wonke

Ukuhlela-inkqubo yokwenza uyilo lokuqala letekisi nokuliphinda, kuquke nokulungisa ukusetyenziswa kolwimi, iimpawu zokubhala nokufunda neziphoso zopelo, ukukhangela ukubhala okuneengcinga ezinamathelananyo nokwakhiwa kokunamathelana; kwimidiya, ukuhlela kuquka isakhiwo, ukhetho nokuyila iitekisi

Ukukrwaqula - kuxa ubani ebalekisa amehlo xa efunda nokuba sisinxibelelanisi mhlawumbi, esenzela nje ukufumana ulwazi oluthile, umz. ukubalekisa nje amehlo ujonga igama elithile nenombolo yemfonomfono yomntu, okanye ukufumana ixesha emka ngalo ibhasi okanye uloliwe, xa ukrwaqula isicwangcisi-maxesha senkampani yeebhasi

Ukuqal’ugwebe- ukuqala ugwebe umntu, iqela, ingcinga okanye unobangelanga

Ukuqhawula amagama ngokwezandi- yenye yeendlela zokufunda igama ongalaziyo.

Ukuquka – umthetho-siseko othi imfundo mayifikeleleke kubo bonke abafundi nokuba bafunda njani, imvelaphi yabo nolwazi labo

Ukushicilela- xa abafundi beshicilela umsebenzi wabo, bawenza waziwe ngokwabelana ngawo, umz. Ngokuwunika utitshala, ngokuwuxhoma edongeni leklasi okanye ibhodi yezaziso, okanye ngokuwufakela kwingqokelela yezicengcelezo

Ulwimi lwasekhaya - olu lwimi abantwana abalufunda ekhaya besakhula, belufunda ngokulinganisa; olu lwimi abafunda ngalo ukucinga; ulwimi lwasekhaya lomfundi ongumXhosa sisiXhosa.

Ulwimi olongezelelweyo – lwimi olufundwayo olongezwe kulwimi lwasekhaya.

Ulwimi oluchukumisayo - lulwimi olusetyenziswe ngendlela apha ebanga usizi de ubani athi azive enosizi efuna ukulila, abe novakalelo.

Ulwimi oluqhathayo - kuxa ubani esebenzisa ulwimi oluthile ngendlela yokuqhatha umntu, ezama mhlawumbi ukumphembelela ukuba makawele kweli lakhe icala; umzekelo uyafumaneka kwizibhengezo, apho kusetyenziswa ulwimi olunobuqhetseba ngamanye amaxesha; umz: - Thenga nazi izisulu, zikho namhlanje kuphela.

Ulwimi olusetyenziselwa ukuthetha ngolunye ulwimi - kukho isigama esisetyenziswayo xa sithetha ngolwimi; oku kubandakanya isigama esifana nala magama asetyenziswa ngabantu abafundisa ulwimi: “imeko”, “isimbo sombhali”, “isakhiwo sebali”, “incoko yababini” nesinye isigama.

Umabizwafane - ligama elibizwa, lipelwe ngokufana nelinye, kodwa libe lahlukile ngentsingiselo umz. idolo, eli siguqa ngalo; idolo eliligobe kwindlela yemoto

Umfanekiso-ntelekelelo - kuxa kusetyenziswa amagama adala imifanekiso ezingqondweni zethu njengokusebenzisa izifaniso, izikweko, izimntwiso namanye amagama adala umfanekiso engqondweni yomntu.

Umngangatho wokuzifundela- umngangatho apho umfundi anakho ukufunda itekisi ngocoselelo lwe-95% (kungabikho mpazamo engaphezu kwenye kumagama a -20). Umngangatho wokuzifundela yitekisi enobulula kumfundi.

Umqondiso/isimboli - yinto esetyenziswa imele into ethile, umz: - ihobe ngumqondiso woxolo.

Umsebenzi wokuhlola-umsebenzi wokuhlola abafundi onemisetyenzana okanye iziqingatha.

Umxholo - yeyona mbono ingundoqo kubhalo loncwadi; isicatshulwa singanemixholwana emininzi, eminye kuyo ingacaci gca ibe selubala.

Unobangela (nefuthe)-ukunyuka kwesenzeko okanye isimo

Uvutho-ndaba – elona nqanaba libalulekileyo kwibali apho zonke iziganeko zisencochoyini kwaye ibali liya ngokukhula.

